

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

3

Ikota 2



Umfundi: _____

3

Ikota 2

IsiXhosa

ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi

INcwadi Yomfundi Yomsebenzi



Isivumo

Inkqubo edityanisiweyo yoLwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi yaphuhlisa liqela lakwaFunda Wande ngokubonisana nabantu abavela kumacandelo ekharityhulam eSebe leMfundo eNtshona Koloni, eLimpopo naseMpuma Koloni, izifundiswa nabafundisintsapho abasuka kwiiyunivesithi ezininzi nootitshala abasenkonzweni.

Ukuphuhlisa kwezi ncwadi kwenzeka ngenxa yenkxaso mali ye-Allan Grey Orbis Foundation Endowment, iFEM Education Foundation, iMichael & Susan Dell Foundation, kunye neZenex Foundation.

Imifanekiso:

Sibulela kakhulu ku-Anja Stoeckigt ngegalelo lakhe kwimifanekiso ephambili efulaneka kule ncwadi. Eminye imifanekiso izotywe ngu-Alex Latimer: iphepha 2–7, 138, 157, 178, 183, 186–187, 191 nele-193; Patrick Latimer: iphepha 11, 16, 32, 53, 95, 99, 103, 107, 109, 137, 179 nele-184; Crazy Cat: iphepha 44–48, 73, 77 nele-128–133; Jiggs Snaddon-Wood: iphepha 58, 71, 79, 100, 146, 159, 163 nele-175; Rassie Erasmus: 12, 15, 155 kunye namagama ezandi.

Iqweqwe: Anja Stoeckigt

Iikhredithi zeefoto:

iStock: Iphepha 7: Jenhung Huang (corn cricket), Iphepha 19: Татьяна Санина (praying mantis), Iphepha 25: RHJ (cockroaches), Iphepha 29a: Jan Rozehnal (ladybird eating aphids), Iphepha 29b: Darkdiamond67 (mosquito sucking blood), Iphepha 36: Dharmapada Behera (butterfly sucking nectar), Iphepha 37a: marc ouliana (flea), Iphepha 37b: defun (dung beetle), Iphepha 40a: Thank you for your assistant (beehive), Iphepha 40b: Cabezonication (ant colony), Iphepha 42a: Stefano Barzellotti (mopane worms), Iphepha 61: Ekaterina Kreker (bowhead whale), Iphepha 65a: nechave-kon (fruit fly close-up), Iphepha 65b: PaulinaKon (fruit flies on banana), Iphepha 67: supitchamcsdam (king protea flower), Iphepha 104a: koosen (plastic cooldrink bottle), Iphepha 104b: epantha (plastic medicine bottle), Iphepha 104c: LanaLanglois (milk packet), Iphepha 104d: George tsartsianidis (frozen vegetable packet), Iphepha 104e: tolisma (plastic ice cream tub), Iphepha 141a: Anastasila Stiahailo (woman eating burger and chips), Iphepha 158: bonchan (cassava), Iphepha 162: marietjeopp (pap in a bowl); WikiCommons: Iphepha 42b: TimCowley (termites), Iphepha 54: The Minnich Collection The Ethel Morrison Van DerLip Fund/Maria Sibylla Merian (Metamorphosis Insectorum Surinamensium), Iphepha 57: Kevstan (Jonathan the tortoise), Iphepha 96a no-b: Darren Glanville (sculpture by Marco Cianfanelli and Jeremy Rose); Gallo Images: Iphepha 145: Sunday Times/Esa Alexander (Siba Mtongana), Iphepha 149: JOHANN HATTINGH BEELD (Reuben Riffel), Iphepha 151: Trevor Kunene (Katlego Mlambo).

Sibulela kakhulu kuSingakwenza, umbutho ongenzi nzuzo, ngegalelo labo kwiphepha 113 kunye nele-117.

Yonke eminye imifanekiso ekumaphepha ashicilelweyo ebonelelwe ngokusetyenziswa kwepremium ngu-Freepik, Rawpixel kunye no-Pexels.

www.fundawande.org

ISBN: 978-1-998960-33-0

Version 1: 2024



Nabani na uvumelekile **ukwabelana** (ukukhuphela kunye nokusasaza kwakhona imathiriyeli kuyo nayiphi na indlela okanye ifomathi) okanye **ulungelelanise** (uphinde wakhe okanye uguqule kwakhona ngokweenjongo onazo.) unike iikhredithi ngoluhlobo: *Funda Wande, IsiXhosa ULwimi lwaseKhaya nezaKhono zoBomi, INcwadi Yomfundi Yomsebenzi, Ibakala 3, Ikota 2, CC BY 4.0.*

Awunakungeza imiqathango okanye uguqule imilinganiselo ethintela abanye ngokusemthethweni ekwenzeni nantoni na eneemvume ngokwelayisenisi.

Fumana iinkcukacha: <https://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>




Isiqulatho


Iveki yoku-1	Izinambuzane	1
Iveki yesi-2	Izinambuzane	26
Iveki yesi-3	Imijikelo yobomi	43
Iveki yesi-4	Imijikelo yobomi	68
Iveki yesi-5	Ukurisayikilisha	85
Iveki yesi-6	Ukurisayikilisha	110
Iveki yesi-7	Ukutya ngokusempilweni	127
Iveki yesi-8	Ukutya ngokusempilweni	152
Iveki ye-9	Okunye malunga nezinambuzane	169



Ii-ayikhoni/Amaqhosha



Ukufunda



Ukubhala



Izandi




ULwazi OlusisiSeko




EzobuGcisa beqonga




Umsebenzi owenza wedwa



Faka umbala



Bhala



Sika

Izinambuzane

Iveki yoku-1 neyesi-2





UNombulelo nesinambuzane esibi



UNombulelo wangena eklasini ecotha. Wayenganqweneli ukungena ngaphakathi. Wayengonwabanga kwisikolo sakhe esitsha esisedolophini. Wayekhumbula isikolo sakhe sasefama ebefunda kuso. Wayehlala nomakhulu wakhe kuloo fama. Kodwa ngoku wayesel'ehlala nonina edolophini.

Wayebakhumbula abahlobo bakhe. Kwesi sikolo sakhe sitsha, abanye abantwana babemqhula. Babemhleka bembiza besithi, “ntombi yasefama!” Babesithi usisidenge esingazinto kuba ephuma ezifama. Akukho mntu wayedlala naye, kwaye loo nto yayimkhathaza kakhulu.

Uthe xa esondela eklasini uNombulelo weva isikhalo nengxolo ephuma eklasini. Wabona ukuba abanye abantwana bakhomba into engaphantsi kwetafile katitshala. UNkosazana Naidu, wayekhangeleka esoyika.

“Lumka Nombulelo!” wakhwaza uSiya, eyona nkwenkwe inkulu eklasini. “Kukho izinambuzane ezimbi ezintandathu phantsi kwedesika kaMem.”

“Ningazichukumisi kwaye ningasondeli kuzo bantwanana. Zinameva,” watsho uNkosazana Naidu engcangcazela.

“Zisondela kuMem,” wakhwaza uBabalwa, “Lumka Mem!”





Wamangaliswa uNombulelo. Uninzi lwezi zinambuzane zimbi wakhe wazibona kumasimi emifuno kamakhulu wakhe. Umakhulu wayezithanda kuba zazisitya iinkumba ezazisitya amakhaphetshu wakhe. Ukuba ushukuma ngokucotha, ukuza ngasecaleni kuzo, aziyi kukwenzakalisa.

“Ayizozinambuzane zimbi okanye eziyingozi ezi. Ziintethe zombona nje ezi,” watsho ekhwaza uNombulelo.

“Ndizakuzikhupha phandle.” UNombulelo wathatha umgqomo wamaphepha ngokuzolileyo, waya kufuphi nezinambuzane.

“Unesibindi uNombulelo,” wasebeza watsho uBabalwa.

“Andinakuze ndiyenze loo nto!”

UNombulelo wema ngxi kufuphi nezinambuzane. Emva koko, wakhawuleza wabeka umgqomo phezu kwazo. Wathatha incwadi ebhityileyo edesikeni kaNkosazana Naidu, waze wayifaka ngocoselelo phantsi komgqomo oqubudiweyo. Emva koko, wathatha incwadi kunye nomgqomo wathi chu ukuya ngasemnyango ovuliweyo. Wathi xa ephandle, wabeka umgqomo phantsi engceni eshinyeneyo ekupheleni kwebala lokudlala. Emva koko, waphakamisa umgqomo wabuya umva.

Izinambuzane zema ngxi umzuzwana, zaza zatsibela engceni. Wabuyela eklasini nencwadi kunye nomgqomo.





Baqhwaba bonke abanye abantwana xa uNombulelo engena eklasini.

“Enkosi kakhulu Nombulelo,” watsho uNkosazana Naidu. “Bendingazi ukuba mandenze ntoni ngeza zinambuzane.”

Wancuma uNombulelo. “Ibingeyonto ingako Mem,” watsho. “Umakhulu wayesoloko endifundisa ukuba ndingazibulali izinambuzane kuba ziluncedo kakhulu.”

“UNombulelo ukhaliphile lonto ukrelekrele, kwaye unobubele,” watsho uNowiza. “Wazi lukhulu,” watsho uPhelo.

UNombulelo waziva onwabile ngaphakathi. Kwaye waziva okokuqala ukuba ingathi kanti angasithanda esi sikolo.


Ingxelo yolwazi

Iintethe zombona

- ▷ **Ukuhlelwa:** Iintethe zombona zizinambuzane. Izinambuzane zizidalwa ezincinci ezinamalungu amathathu omzimba kunye nemilenze emithandathu.
- ▷ **Inkangeleko:** Iintethe zombona zinombala omdaka. Zinentloko, isifuba kunye nesinqe. Zinemilenze emithandathu. Zinemilenze emifutshane emine kunye nemilenze emide emibini. Entloko zineempondo ezimbini ezinde, umlomo omkhulu kunye namehlo amabini. Kukho ameva abukhali emilenzeni nasesizingeni zazo.
- ▷ **Imikhwa:** Iintethe zombona zitya izityalo nezilwanyana. Ziluncedo kuba zitya iinkumba kunye nezityalo ezibolayo. Ukuba ziyahlaselwa, ziyaluma, zikhabe, zikrwempe okanye zitshize ngamanzi anukayo amnyama. Ngenxa yemilenze yazo emide, ziyakwazi ukutsibela phezulu. Iintethe zombona zifumaneka kumazantsi eAfrika kuphela.



Ukubhala ngesandla



u u u u u u u u u u u u u u u u

MVULO

x

ab cd ef gh ij kl

x

cd ab gh ef kl ij

LWESIBINI

x

mn op qr st uv wx

x

yz qr mn op uv st

LWESITHATHU

x

bi om cu dt ry se

x

ry cu bi om se dt

LWESINE

x

ax gr fm ur qu ok

x

ok ur qu gr ax fm

LWESIHLANU

x

yl ju zs ip xr bs

x

ju yl ip xr bs zs

Tshatisa umfanekiso negama.

inqwelontaka



inqwelo



umnqwazi



inqwelomoya

tywaa



umtywini

tywina



nqwenela



utywala



amanqwawqwa





Funda izivakalisi

Inqwelontaka kunye
nenqwelomoya zizithuthi zomoya.



Inqwelomafutha yona
sisithuthi sendlela.



Utata ufuna ukutywina
uphahla lwendlu ngaphambi
kokuba kune.



Ekhaya bekusilwe utywala
bomngeno wamakhwenkwe.




Iqela lethu lebhola lilitywatyushe
kakuhle iqela ebesidlala nalo.



Kutheni le nto utata efuna ukutywina uphahla lwendlu?



Izinambuzane



Into endiyaziyo




Four horizontal lines for writing.



Into endifuna ukuyazi



Four horizontal lines for writing.



Into endiyifundileyo




Iveki yoku-1


Iveki yesi-2

Four horizontal lines for writing.












Ulingano-macala



Krwela umgca ukwenza amacala amabini alinganayo.



Bhala amagama ngendlela echanekileyo.



1



leletywe

tywelele

2



natywi

3



nitywimu

4



ibanqwa

5



umzingwa

6



umnonqwe

7




ilonqwe

8




intalonqweka



Ingqiqo



Funda ibali, **UNombulelo** nesinambuzane esibi.



Phanda ufumane

1 Yintoni igama lokwenyani lesi sinambuzane esibi?

2 Zaziphi izinambuzane eklasini?



Funda ucinge

3 Kwakutheni ukuze abantwana baqhule uNombulelo?

Kungokuba _____




Ngokukokwam/Ngokuzimela

4 Bhala isivakalisi ngomntu omaziyo osuka kwindawo eyahlukileyo. Chaza ukuba kutheni umthanda.





Izinambuzane



Sesiphi esona silwanyana sincinane owakhe wasibona? Ingaba yayiyimbovane? Ingaba yayiyintakumba? Ingaba yayiyingcongconi?

Iimbovane, iintakumba kunye neengcongconi zonke zizinambuzane. Zizilwanyana ezincinci ezinemilenze emithandathu. Ezinye izinambuzane zincinane kangangokuba kufuneka usebenzise iglasi eyenza nkulu ukuze uzibone ukuba zikhangeleka njani na.

Izinambuzane zilelona qela likhulu lezilwanyana emhlabeni. Kukho malunga nesigidi seentlobo ntlobo zezinambuzane.



1 Bungakanani ubude bembovane ecaleni kwerula?

2 Sebenzisa la magama ukugqibezela izivakalisi.

iglasi eyenza nkulu

ingcongconi

iintakumba

a _____ zizinambuzane ezincinci ezihlala kwiikati nezinja.

b _____ yenza izinto zibonakale zinkulu kakhulu kunendlela eziyiyo.


c _____ iyabhuza ebusuku kwaye iyaluma.



Inyosi



Lebhelisha amalungu enyosi.



umlenze

iliso elibona mbaxa

uphondo

intloko

iphiko

isinge

isifuba




Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.




tywaa utywina elitywantsi inqwaba
umnqwazi ngomnqweno inqwelo

- 1 Utata _____ uphahla emva kwezantyalantyalazemvula.
- 2 Umama unqwenela _____ womqhaphu.
- 3 UNqaba usixelele _____ wakhe.
- 4 Usisi akafuni _____ yakhe iqhutywe ngomye umntu.
- 5 Abahlali bamtywatyushe bamshiya _____.
- 6 Usele utywala walala tywaa elangeni.



Isigama



ukuhlelwa inkangeleko
imikhwa isifuba isinqe

Tshatisa isigama nentsingiselo.

ukuhlelwa	izinto eqhele ukuzenza
inkangeleko	iqela lezilwanyana
imikhwa	isisu
isifuba	indlela ekhangeleka ngayo
isinqe	umntla womzimba




Bhala amagama uze ugqibezele itheyibhile.

Isigama	Oonobumba	Amalungu
ukuhlelwa	q	4
imi _ _ _ _		
inka _ _ _ _ _ _		
isi _ _ _ _ _ _ _ _		
isi _ _ ba		





Ingaba umntanezulu sisinambuzane?



Umntanezulu unamalungu amathathu omzimba kunye nemilenze emithandathu. Usisinambuzane. Imilenze yangaphambili mide kakhulu.

Ikhangeleka ngathi zingalo. Umntanezulu unentamo ende kakhulu. Intloko yakhe imile oku konxantathu. Uneempiko ezine, azisebenzisela ukubhabha. Umntanezulu utya izinambuzane ezincinci, ezinjengeempukane namavivingane. Unoluhlu lwameva abukhali emilenzeni yangaphambili ukwenzela ukubamba ixhoba lakhe, udla ngokutya intloko kuqala. Ngamanye amaxesha umntanezulu utya omnye!

1 Sebenzisa la magama ukugqibezela izivakalisi.


ixhoba

ebukhali

meva

- a Usebenzise imela _____ ukusika inyama.
- b Iingonyama ziyazingela ukubamba _____ lazo.
- c Umthi wameva wawuna _____ abukhali.

2 Kutheni umntanezulu enameva abukhali kwimilenze yakhe yangaphambili? _____






Zoba isinambuzane.

**Khangela
isinambuzane
ebaleni lokudlala.
Wakusifumana,
siqwalasele
ngononophelo.**

Sibizwa ngokuba yintoni isinambuzane sakho?
Mingaphi imilenze oyibonayo?
Mangaphi amalungu omzimba owabonayo?
Yintoni enye into oyibonayo?



**Zoba umfanekiso wesinambuzane sakho.
Leyibhelisha umzobo wakho**



imilenze

intloko

iimpondo

isingqe


amaphiko


amehlo abona mbaxa

isifuba



Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.





Umsebenzi wezivakalisi

Gqibezela izivakalisi usebenzise amagama akwizibiyeli.

- 1 **Ukuhlelwa:** Intethe zombona _____
_____. (zinambuzane, zi)
- 2 **Inkangeleko:** _____ zimdaka
_____. (Zona, ngebala)
- 3 _____ : _____ izityalo
nezilwanyana. (**Imikhwa**, Zitya)

Khetha olunye uhlobo lwesinambuzane, uze ubhale ngaso.

amabhabhathane iimbovane iinyosi umntanezulu

- 1 **Ukuhlelwa:** _____ zizinambuzane.
- 2 **Inkangeleko:** Zi _____ ngebala.
- 3 **Imikhwa:** Zitya _____ .





Ingaba isigcawu sisinambuzane?



Isigcawu sinamalungu amabini omzimba kunye nemilenze esibhozo. Ayisiso isinambuzane.

Izigcawu zitya izinambuzane ezincinane ezifana neempukane, iimbovane namavivingane, zithi zibambise ixhoba ngezo ntambo zazo. Ezinye izigcawu zenza ityhefu, ezithi ziyitshize kwixhoba lazo.

Izigcawu zizo kuphela izilwanyana ezetyisa ukutya ngaphandle kwemizimba yazo. Zitshiza ixhoba lazo ngolwelo ajika umzimba wexhoba ube ngamanzi anukayo amnyama. Emva koko, isigcawu sifunxa amanzi anukayo amnyama aso.

1 Mingaphi imilenze yesigcawu? Phawula ibhokisi echanekileyo.

mine

mithandathu

isibhozo


2 Sebenzisa amagama ukugqibezela izivakalisi.

ityhefu

betyisa

mnatha

- a Abantu _____ ukutya esuswini.
- b Ezinye iinyoka, oonomadukudwane nezigcawu zisebenzisa _____ ukubulala ixhoba lazo.
- c Izinambuzane zingabanjiswa ngo _____ wesigcawu.





Ubizelo





Ingaba iphela sisinambuzane?

Iphela linamalungu amathathu omzimba kunye nemilenze emithandathu. Sisinambuzane. Amaphela nawo anamaphiko amane, kwaye uninzi lwawo luyakwazi ukubhabha. Abaleka ngesantya esiphezulu.



Amaphela athanda ukuhlala kwiindawo ezifudumeleyo nezimnyama emakhayeni ethu. Atya izityalo, izinambuzane, intsalelela zokutya ezisezityeni ezimdaka kunye nenkunkuma. Anakho ukuzisa izifo emakhayeni ethu.

Amaphela omelele. Angaphila iiveki ezimbini ngaphandle kwamanzi neeveki ezine ngaphandle kokutya. Angaphila iveki enye ngaphandle kwentloko yawo!



Gqibezela itheyibhile.

Igama	Inani lamalungu omzimba	Inani lemilenze	Ingaba sisinambuzane?
umntanezulu			
isigcawu			
iphela			
imbovane			



Ukubhala ngesandla

u u u u u u u u u u u u

MVULO

x

y y y y y y y y y y

x

ye ye ye ye ye ye ye ye ye ye

LWESIBINI

x

u u u u u u u u u u

x

um um um um um um um um um um

LWESITHATHU

x

w w w w w w w w w w

x

wh wh wh wh wh wh wh wh wh wh

LWESINE

x

u u u u u u u u u u

x

ur ur ur ur ur ur ur ur ur ur

LWESIHLANU

x

ye um wh ur yo


x

ul wh ye um ur



Khangela la magama angezantsi.

intloko indlulamthi indlela izindlu
~~indlovu~~ entla indlala iintloni intlekisa



i	n	d	l	o	v	u	d	w	g	i	i
i	n	t	l	e	k	i	s	a	q	n	z
i	n	d	l	e	l	a	g	h	b	t	i
i	i	n	t	l	o	n	i	b	l	l	n
c	g	m	y	e	n	t	l	a	v	o	d
b	y	e	a	z	h	q	b	i	o	k	l
i	n	d	l	a	l	a	b	i	b	o	u
i	n	d	l	u	l	a	m	t	h	i	c


Khetha amagama amathathu, uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____
- 2 _____
- 3 _____



Funda izivakalisi

Indlovu nendlulamthi
zizilwanyana ezanyisayo.



Umakazi uxova intlama
yokubhaka isonka.



Nankuya unontlalontle
esehla ngendlela.



Indlu yasekhaya yakhiwe
entla kwenduli.



UNtombi wafa ziintloni
akusibona.



Kukuthini ukufa ziintloni?



Izinambuzane ezisenzakalisayo okanye ezisincedayo



Amabhabhathane abhabha esuka kwintyatyambo esiya kwenye intyatyambo esitya incindi. Athwala umungu emizimbeni yawo. Lo mungu uchumisa iintyatyambo ukuze isityalo sivelise isiqhamo okanye umfuno.



Amabhungane atya izinambuzane ezincinci kwizityalo ezifana neentwala zemithi, amangolwane, iintwala, imibungu kunye nezinye izinambuzane ezincinci ezinokubangela iingxaki esitiyeni.



Ezinye iingcongconi zisasaza izifo ezigulisa abantu nezilwanyana. Iingcongconi ziyosuleleka xa ziluma umntu okanye isilwanyana esinesifo, zize zisasaze eso sifo.



Ukulunywa ziintakumba kubuhlungu kwaye kubangela ukurhawuzelelwa nokudumba. Abanye abantu kunye nezilwanyana abadibani (bayaguliswa) ngamathe eentakumba. Iintakumba ziyakwazi ukuthwala izifo ukusuka kwesinye isilwanyana ukuya kwesinye.

Fakela isandi esishiyiweyo.



1 indlu




2 i oko



3 i ebe



4 iza a




5 i anzi




6 i ovu



7 i ela



8 i iziyo




UMHLA _____

Ingqiqo

Funda ibali, UNombulelo nesinambuzane esibi.



Ngokukokwam/Ngokuzimela



Sebenzisa awakho amazwi ukushwankathela ibali.

- 1 **Umlinganiswa:** Umlinganiswa oyintloko ngu _____
- 2 **Isimo sentlalo:** Ibali lenzeka e _____
- 3 **Isishwankathelo sebali:**

UNombulelo wayengonwabanga ngoba _____

Wabona _____

_____ phantsi kwetafile katitshala.

Abanye abantwana babe _____

Wayenesibindi uNombulelo, wathatha _____

Utitshala kunye nabantwana _____



Utyikityo: _____

Umhla: _____



Zizikhusela njani izinambuzane?



Izilwanyana ezininzi ziyazibulala izinambuzane kwaye zizitye. Ngoko izinambuzane kunyanzelekile ukuba zizikhusele.

Oonomeva neenyosi zobusi ziyazihlaba iintshaba zazo. Zinemigca eqaqambileyo yokulumkisa iintshaba zazo engozini.

Iimpukane namabhabhathane zingabhabhela kude kwiintshaba zazo. Amaphela angabaleka ngesantya esiphezulu ukuziphephisa.

Umntanezulu usebenzisa ikhamaflaji ukuzifihla. Uluhlaza kwaye ukhangeleka njengesiqu okanye igqabi lesityalo. Akabonakali lula kwiintshaba zakhe.



Fakela amagama ashayiweyo kwitheyibhile.

Isinambuzane	Indlela esizikhusela ngayo
iphela	
	Usebenzisa ikhamaflaji.
unomeva	
	Ibhabhela kude kutshaba lwayo.



Ndiyintoni?

Tshatisa umfanekiso nenkcazelo. Krwela umgca.



 inyosi	Ndisasaza iintsholongwane ezisuka kwiindawo ezimdaka ndizizise ekutyeni kwakho. Izigcawu zikuyathanda ukunditya.
 inkubabulongwe	Ndinomsila ogobileyo onendawo ehlabayo ekupheleni. Ndiyahlaba xa ndisoyika.
 unomadukudwane	Ndithwala umungu ukusuka kwenye intyatyambo ukuya kwenye, ngelixa ndiqokelela incindi yokwenza ubusi.
 impukane	Ndiqokelela ubulongwe bezilwanyana, ndize ndibugqumelele emhlabeni. Oku kuchumisa umhlaba.
 uhlabamanzi	Ndikuyathanda ukuhlala emakhitshini, kwaye ndiphuma ebusuku ukuze nditye ukutya. Ngamanye amaxesha ndithwala izifo.
 iphela	Ndinesisu eside. Nditya iingcongconi kunye namaqanda eengcongconi.

Bhala izivakalisi

Bhala izivakalisi ezihlekisayo ezi-5 ubuncinane, usebenzisa amagama akwibhloko. Ungasebenzisa amagama ababini nangaphezulu kwisivakalisi. Amagama owasebenzisileyo uwabhale ngepensile enombala.

iintloni indlela intlama isandla
indlala indlu intlakohlaza
intle iintlungu



1

2

3

4

5



Isigama nolwimi




Gqibezela itheyibhile.

appearance

habits

classification



Igama	Intsingiselo	Igama lesiNgesi
ukuhlelwa	Iqela lezilwanyana ezineempawu ezifanayo.	
inkangeleko	Indlela ekhangeleka ngayo	
imikhwa	Izinto eqhele ukuzenza	

Funda izivakalisi.

Ukuhlelwa: Intethe zombona zizinambuzane.

Inkangeleko: Zinombala omdaka.

Imikhwa: Zitya izityalo nezilwanyana.



Bhala isivakalisi esinye kwezi zingentla ngesiNgesi.



Utyikityo: _____

Umhla: _____



Zitya ntoni izinambuzane?

Izinambuzane ezininzi zitya izityalo. Imibungu itya amagqabi ezityalo. Oonomeva batya iziqhamo ezivuthiweyo ezinjengeepesika. Bakwatya nezinambuzane ezincinci.

Ezinye izinambuzane ezinjengeenyosi kunye namabhabhathane zinemiboko, ezithi zifunxe ngayo incindi kwiintyatyambo.

Iingcongconi ezizimazi zisebenzisa iimiboko ukufunxa igazi kwizilwanyana nasebantwini. Zikwafunxa incindi kwiintyatyambo.

Ezinye izinambuzane ezinjengomntanezulu zibamba zitye ezinye izinambuzane. Izinambuzane ezinjengeempukane zitya izilwanyana ezifileyo.




1 Sebenzisa amagama ukugqibezela izivakalisi.

funxa umboko ncindi

- a Iintyatyambo zivelisa ulwelo oluswiti olubizwa ngokuba yi _____.
- b Iinyosi zisebenzisa _____ wazo ukufunxa incindi ekwiintyatyambo.
- c Ungasebenzisa istro uku _____ isiselo esibandayo etotini.

2 Nika amagama ezinambuzane ezintathu ezinemiboko.




Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.

5

zintlanu

intloko




indlovu

indlulamthi



ntlabathi

indlu



1 ULizo uthi intloko yakhe ibuhlungu.


2 Ekhaya kwakhiwe _____ enkulu.

3 Umama uthi _____ ayisindwa ngumboko wayo.

4 Abantwana badlala nge _____ elwandle.

5 Ndibone _____ kumzi wezilwanyana.

6 Iinkomo zasekhaya _____ zizonke.



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda oku kabini. Mangaphi amagama owafundileyo?

UNombulelo wangena eklasini ngokucotha. Wayenganqweneli ukungena ngaphakathi. Wayengonwabanga kwisikolo sakhe esitsha esisedolophini.

Wayekhumbula isikolo sakhe sasefama ebefunda kuso. Wayehlala nomakhulu wakhe kuloo fama. Kodwa ngoku wayehlala nonina edolophini.

Wayebakhumbula abahlobo bakhe. Kwesi sikolo sakhe sitsha, abanye abantwana babemqhula. Kungekho namnye odlala naye, kwaye loo nto yayimkhathaza kakhulu.

- 4
- 7
- 11
- 12
- 16
- 21
- 27
- 28
- 32
- 37
- 42
- 47

	1	2
Inani lamagama endiwafundileyo.		
Inani lamagama endingawazanga.		



Izinambuzane ezithanda ukuhlala kunye



Iinyosi zobusi zizinambuzane ezithanda ukuhlala kunye. Zihlala kunye kwizindlu zazo kwaye zinemisebenzi eyahlukileyo. Ukumkanikazi ubeka amaqanda. Iidrowni (*drones*) ziinyosi zobusi ezingamadoda, eziye zidibana nokumkanikazi, emva koko ziye zife. Iinyosi ezingabasebenzi ziimazi ezigcina indlu yeenyosi icocekile, kwaye zijonge iinyosi ezincinci. Zingoonogada bendlu, kwaye ziqokelela incindi, ezithi ziyigcine njengobusi.



Iimbovane nazo zizinambuzane ezithanda ukuhlala kunye, kwaye zihlala kunye. Zihlala phantsi komhlaba zizikoloni. Nazo zinazo iidrowni ezidibana nokumkanikazi kunye nabasebenzi abajonga abantwana, abaqokelela ukutya abakwangoonogada bekoloni.



Sebenzisa amagama ukugqibezela izivakalisi.

ukumkanikazi

iimbovane

ukuthanda

hlala kunye

iidrowni

abasebenzi

iinyosi zobusi

- a Izinambuzane ezihlala kunye ezinemisebenzi eyahlukileyo zibizwa ngokuba zizinambuzane ezi _____.
- b _____ zihlala kwiikoloni.
- c _____ zihlala ezindlwini zazo.



Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.

qho	elwandle	uluhlu	yakha	ndifuna
udonga	amagama	tshe	ingxolo	ukutya
abahlobo	cheba	zonke	yonke	ukwenza
umfanekiso	intsha	ngenxa	chatha	bodwa
itshitshi	irabha	udiniwe	itshizi	ubusuku
inkwenkwe	indlovu	phezulu	iyatsha	ulwimi
waqonda	bona	ihlathi	rhoqo	kokuba
esikolweni	chaza	xhuma	ngenxa	ngaphaya

Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____



Izinambuzane ezityiwayo

Abantu abaninzi batya izinambuzane. ELimpopo, abantu batya amaqonya. Amaqonya yimibungu etya amagqabi omthi wemopane. Abantu bawomisa elangeni, baze bawapheke. Xa uwangcamla ngathi ngumqwayito.

Kulo lonke elaseAfrika, abantu batya iintubi. Xa kusina iintubi ziyabhabha. Abantu bayaziqokelela, basuse amaphiko azo, baze baziqhotse. Zikwatyiwa zikrwada. Abantu bathi zinencasa kakhulu!



Sebenzisa la magama ukugqibezela iresiphi.

qhotsa zitye iimpiko iintubi ipani

Iintubi eziqhotsiweyo

izithako

iintubi

ioli

Indlela yokwenza

1 Qokelela _____.

2 Susa _____ zazo.

3 Galela ioli kwi _____ lokuqhotsa.



4 _____ iintubi.

5 Xa sele zilungile, _____ iintubi.



Imijikelo yobomi

Iveki yesi-3 neyesi-4





Umnqa wokunyamalala koonojubalala




UZibi wayengunojubalala. Wayenoobhuti noosisi abangaphezu kwekhulu ababengoonojubalala! Wayengoyena omncinci, kwaye engoyena mncinane ngesiqu. Usapho loonojubalala lwaluhlala emanzini apholileyo nanzulu echibi. Babekwazi ukubona ukukhanya kwelanga phezulu kodwa behlala phantsi kwamanzi.

UZibi wayekonwabela kakhulu ukudada noobhuti kunye noosisi bakhe phakathi kwezityalo zasemanzini. Kwakukho ukutya okuninzi. Wayelala phezu'kwegqabi kunye noobhuti bakhe abangama-20.

Inye into eyayisoyikeka echibini yayiliqela eloyikekayo leentlazi iibarbel. Ezontlanzi zazihlala eludakeni emazantsi echibi. Zazinamabhovu amade kunye namazinyo abukhali. Zazithanda ukutya oonojubalala!

Zaziphuma xa ilanga ligqats' ubhobhoyi, zize zizame ukubamba oonojubalala.

UZibi wayesoloko eqinisekisa ukuba uzimela phantsi kwegqabi xa esiva isandi esithi, QAMZA, QAMZA, QAMZA.



Iyhoo! Iqela leentlanzi iibarbel.

Lumka, bhutana!

QAMZA,
QAMZA,
QAMZA!



Baphi
abanye?

Asazi.

QAMZA,
QAMZA,
QAMZA!

Ngenye imini uZibi waqaphela ukuba bambalwa oobhuti nosisi anokudlala nabo. Babenyamalala! Yayingumnqa! Kwakubonaka oonojubalala abangama-90 kuphela!

Suku nosuku, inani labo lalisiya lincipha. Ngemini elandelayo wabala, babengama-80 kuphela, ngosuku olulandelayo wabala kwakho, babengama-70, bancipha babangama-60, kwaphinda ke yangama-50, yangama-40, kwalandela angama-30, kwade kwasala oobhuti abangama-20 kuphela, abo babelele kwigqabi elinye noZibi.

UZibi wagqogqa yonke indawo ekhangela oonojubalala abangekhoyo. Wayecinga ukuba iqela eloyikekayo leentlanzi ii*barbel* libatye bonke.

Ngobo busuku uZibi waya kulala nabantakwabo abangama-20. Kodwa wathi xa evuka wazibona eyedwa! Bonke babenyamalele. Waye ngunojubalala wokugqibela oshiyekileyo.

Wazimela inxalenye yemini, kodwa waziva elambe kakhulu. Lithe xa ilanga lisentloko, wachwechwa esiya kufuna ukutya. Kuthe kusenjalo weva, 'QAMZA, QAMZA, QAMZA!' Omnye weqela leentlanzi iibarbel wayelapha emva kwakhe!

Watatazela uZibi. Wayenokwenza ntoni? Wajonga phezulu ekukhanyeni kwelanga. Watsiba ukusuka egqabini ukuya kuqubhela ngasekukhanyeni.





Yhoo! Molweni.
Nonke ningamasele
ngoku!

Molo bhutana.
Yintoni ekwenze
ukuba uthathe
ixesha elide
kangaka?

UZibi watsiba kangangoko anako waza wavela ngaphandle emanzini. Waqaphela ukuba uyakwazi ukuphefumla umoya!

Emva koko, wabheka-bheka. Kwisigodo esasidada emanzini, kwakukho oobhuti noosisi bakhe! Kodwa ngoku babengengabo oonojubalala, babengamasele. UZibi wathi akuzijonga wazibona ukuba naye sele elisele!

Umnqa wawusombululekile, kwaye naye ngoku uZibi wayekhuselekile kwiqela leentlanzi iibarbel. Wayenakho ukudlala nabantakwabo noodade wabo kwakhona.


Ingxelo yolwazi

Amasele

- ▷ **Ukuhlelwa:** Amasele ziiamfibhiyeni. Iiamfibhiyeni liqela lezilwanyana eziphila emanzini nasemhlabeni.
- ▷ **Inkangeleko:** Amasele anombala oluhlaza okanye omdaka, kwaye anesikhumba esigudileyo. Anemilenze emine. Imilenze yawo yangasemva mikhulu kwaye iinzwane zawo zine nwebu. Amasele anomlomo obanzi kunye nolwimi olude oluncangathi. Anamehlo athe phuhlu.
- ▷ **Imikhwa:** Amasele ayakwazi ukutsiba nokuqubha. Imilenze yawo yangasemva eyomeleleyo kunye neenzwane zawo ezine nwebu ziyawanceda. Atya iingcongconi, iimpukane kunye nezinye izinambuzane, azibamba ngolwimi lwawo. Kukho iindidi ngeendidi zamasele, kwaye onke ahlala kufuphi namanzi.



Ukubhala ngesandla



m m m m m m m m m

MVULO

x

n n n n n n n n n

x

nj nj nj nj nj nj nj nj

LWESIBINI

x

m m m m m m m m

x

Ma Ma Ma Ma

LWESITHATHU

x

B B B B B B B B

x

Bl Bl Bl Bl Bl Bl Bl

LWESINE

x

R R R R R R R R

x

Ro Ro Ro Ro Ro Ro

LWESIHLANU

x

nj Ma Bl Ro Bi

x

No Bl Bi Ma nj

Tshatisa umfanekiso negama.

incwadi

undwendwe

isithwalandwe

intlama

iindondo


iyamuncwa

ncwela

intlakohlaza

ubuncwane

indwe





Funda izivakalisi

Udadobawo ufikelwe lundwendwe lwasekholeji.



UFuneka udinga iincwadi ezintsha zokubhala.



Izithwalandwe zifumene izatifiketi zokuphumelela izifundo zazo.



Indwe yintaka yesizwe yaseMzantsi Afrika.



USisa ufincelela ithontsi lesiselo esiseleyo ebhotileni.



Zifumene ntoni izithwalandwe?



Imijikelo yobomi



Into endiyaziyo





Into endifuna ukuyazi




Into endiyifundileyo



Iveki yesi-3

Iveki yesi-4



Iziko lemiboniso yobugcisa



IMethamofosisi ngokuzotywe nguMaria Sibylla Merian

- 1 Ubona ntoni kulo mzobo?
- 2 Mingaphi imibungu oyibonayo?
- 3 Mangaphi amavivingane owabonayo?

Bhala amagama ngendlela echanekileyo.



1



ndele

_____ endle _____

2



kontloi

3



ibendwanentle

4



inzintla

5



unenwcabu

6



ivundlo

7



iintsintla

8





ilamthindlu



Ingqiqo

Funda ibali, **Umnqa wokunyamalala** koonjubalala.



Funda ucinge

1 Yayiyintoni umnqa kwisihloko?

2 uZibi wayecinga kwenzeka ntoni koonjubalala?
Wayecinga _____

3 Kwakhutheni uZibi abe ngowokugqibela ukuba lisele?
Kungokuba _____

Ngokukokwam/Ngokuzimela



4 Ungakuthanda ukuba noobhuti noosisi abali-100?
Ngoba?

Utyikityo: _____
Umhla: _____




Isilwanyana esiphila ixesha elide: Ufudo



Amafudo zizidalwa ezicothayo, ezizolileyo. Anamaqokobhe okuzikhusela. Amafudo aphila ixesha elide, ngaphezulu kunabantu. Olona didi lukhulu lwamafudo lubizwa ngokuba ngamafudo ii*Giant*.

UJonathan ligama lohlobo lofudo ii*Giant* olunobuhlobo, oluhlala kwigadi yendlu enkulu. Lolona fudo ludala ehlabathini. Uneminyaka eli-190 ubudala. Uyakuthanda ukutya iibhanana, amakhaphetshu nama-apile, kwaye uyakuthanda ukulala.



- 1 Ingaba abantu bayakwazi ukuphila iminyaka eli-190? _____
- 2 Bhala isivakali esichaza ukuba kutheni amafudo ezizidalwa ezinika umdla.



Umjikelo wobomi bebhathane



- Isingeniso** Amabhabhathane aba notshintsho oluninzi ebomini bawo. Oku kubizwa ngokuba ngumjikelo wobomi bebhathathane.
- Isigaba 1** → Ibhathathane libeka amaqanda phezu kwegqabi. Ngaphakathi kwamaqanda, kudaleka imibungu emincinane.
- Isigaba 2** → Umbungu uqalisa ukuvula indlela yawo yokuphuma eqandeni.
- Isigaba 3** → Umbungu utya amagqabi kwisityalo ozalelwe kuso. Uqhubeka usitya ude ukhule ubemkhulu.
- Isigaba 4** → Xa umbungu usiba mkhulu kunesikhumba sawo, isikhumba sawo siyawa. Isikhumba esitsha sele singaphantsi. Ungakwenza oku amaxesha amaninzi.
- Isigaba 5** → Xa umbungu usiba mkhulu kakhulu, wenza uphunguphungu okanye iqokobhe. Uza kutshintsha ngaphakathi kophunguphungu.
- Isigaba 6** → Emva kweeveki ezimbini, ibhathathane liyaphuma kuphunguphungu. Amaphiko alo amanzi kwaye mancinci ngeli thuba. Emva kokuba amaphiko ebhathathane omile, ibhathathane lingabhabha, liyokufuna ukutya kwaye libeke amaqanda.



Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.



indlobongela intlekisa iindwendwe
uyancwina uncwela undwebile indlu

1 Kukho _____ eziza kusindwendwela apha ekhaya.


2 Undwebile umntwana wakuloBathandwa.

3 UNceba _____ iplanga ngemela.

4 UKen wenza _____ ngabanye bade babeneentloni.

5 Isisu sikasisi sibuhlungu, ude _____ ziintlungu.

6 Indlela enkulu ngayo _____ yakuloNondlela.



Isigama



unojubalala umnqa
 ukunyamalala iamfibhiyeni incangathi



Tshatisa isigama nentsingiselo.



ukunyamalala	umntwana wesele
unojubalala	ihlala emanzini nasemhlabeni
umnqa	ukuduka
iamfibhiyeni	incamathela oku ngathi yiglu
ncangathi	kunzima ukuyiqonda




Bhala amagama ukugqibezela itheybhule.

Isigama	Oonobumba	Amalungu
uno _____		
um ____		
iam _____		
nca ____ thi		





Isilwanyana esiphila ixesha elide: Umnenga



Iminenga zizilwanyana ezinkulu ezizolileyo, ezihlala elwandle. Zezona zilwanyana zinkulu ehlabathini. Nayo iphila ubomi obude.


Olunye uhlobo lomnenga, olubizwa ngokuba ngumnenga onentloko engqukuva (*Bowhead whale*), ungaphila iminyaka engaphezu kwama-200! Le minenga zezona zilwanyana ziphila ixesha elide emhlabeni. Iminenga enentloko engqukuva ihlala kweyona ndawo ibandayo yolwandle, kwaye itya izityalo ezincinci zaselwandle kunye nezilwanyana. Kodwa le minenga mihle iphantse yatshabalala kuba abantu babulala uninzi lwayo.



1 Ingaba iminenga enentloko engqukuva iphila ixesha elide kunabantu? _____



2 Kuthetha ukuthini ukutshabalala? _____


3 Iminenga ihlala elwandle. Ucinga ukuba sesiphi esona silwanyana sikhulu esihlala emhlabeni.





Umjikelo wobomi

Zoba itshathi ethungelanayo yomjikelo wobomi bebhathane. Sebenzisa ulwazi olukwiphepha lama-58.





Bhala isivakalisi
ngomfanekiso ngamnye.





Umsebenzi wezivakalisi



Gqibezela izivakalisi usebenzise la magama.

zilwanyana amfibhiyeni phakathi emhlabeni

Ukuhlelwa: Amasele zii _____. Liqela le _____ eziphila _____ emanzini nase _____.

Khetha esinye isilwanyana oza kubhala ngaso. Sebenzisa ulwazi olukwitheyibhile.

Ukuhlelwa: _____ zizi _____ . Ezi zi _____ .

Izilwanyana	Ukuhlelwa	Inkcazelo
iintethe, amavivingane	izinambuzane	Amalungu amathathu
amasele, amaxoxo	iamfibhiyeni	Ziphila phakathi emanzini nasemhlabeni
izinja, iingonyama	izilwanyana ezanyisayo	Ezinegazi elishushu noboya
iintlanzi, ookrebe	iintlanzi	Ziphila ziphefumle emanzini
iingwenya, iinyoka	izirhubuluzi	Ezinegazi elibandayo namaxolo
iinkukhu, iinciniba	iintaka	Zineempiko, neentsiba





Isilwanyana esiphila ixesha elifutshane: Impukane yeziqhamo



Wakhe wazibona iimpukane ezincinane ezinamehlo abomvu zibhuza zingqonge isiqhamo emthini okanye ekhayeni lakho? Ezi zibizwa ngokuba ziimpukane zeziqhamo.

Zizinambuzane ezincinci ezinomsebenzi omkhulu. Zinomsebenzi wokucoca iziqhamo ezibolileyo. Zikwakukutya kwezinye izilwanyana, ezinjengamasele namacikilishe.

Iimpukane zeziqhamo zinika umdla kuba zinobomi obufutshane kakhulu. Ziphila iiveki ezimbini kuphela! Obu bobona bomi bufutshane kuzo naziphi na izilwanyana emhlabeni. Ngaphambi kokuba zife, imazi yempukane yeziqhamo ibeka malunga nama-500 amaqanda.

- 1 Bhala isivakalisi esibonisa indlela ezinceda ngayo iimpukane zeziqhamo.

- 2 Bhala malunga nomntu omdala okanye omncinci omaziyo.





Ubizelo





Intyatyambo ephila ixesha elifutshane: Inyibiba yosuku






Njengezilwanyana, iintlobo ntlobo zeentyatyambo zinexesha lobomi obahlukileyo. Kukho intyatyambo enye ehlala usuku olunye kuphela. Ivuleka kusasa ize ife kwangobo busuku. Ibizwa ngokuba yinyibiba yosuku. Ityalwa kulo lonke ihlabathi ngenxa yokuba intle kakhulu.

Intyatyambo yesizwe yaseMzantsi Afrika, Isiqwane, ihlala ixesha elide. Ingahlala ngaphezulu kweeveki ezimbini. Ukuba uyayisika intyatyambo uyifake emanzini ingahlala iintsuku ezili-16.

1 Yeyiphi intyatyambo enobomi obufutshane. yinyibiba yosuku okanye Isiqwane?

2 Zoba intyatyambo owakhe wayibona. Yizobe ngononophelo uze uyifake imibala echanekileyo.





Ukubhala ngesandla

MVULO

x

x

LWESIBINI

x

x

LWESITHATHU

x

x

LWESINE

x

x

LWESIHLANU

x

x



Khangela la magama angezantsi.

intwala umthwa uyathwasa uthwele
~~umntwana~~ umthwalo intwana thwala



u	m	n	t	w	a	n	a	u	s	t	i
a	c	z	d	s	i	a	b	f	g	h	t
i	n	t	w	a	n	a	x	c	s	w	h
u	m	t	h	w	a	l	o	x	h	a	x
e	s	y	u	t	h	w	a	o	d	l	i
i	n	t	w	a	l	a	t	c	b	a	w
u	k	u	u	m	t	h	w	a	l	o	p
r	u	t	h	w	e	l	e	o	f	w	e

Khetha amagama amathathu, uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____
- 2 _____
- 3 _____



Funda izivakalisi

Lo mntwana uyathandwa
ziintwala.



Umakazi uthwele iqhiya entle.



Sele kusondele intwasahlobo.



Nceda umakhulu, uyasindwa
ngumthwalo awuphetheyo.



Ndicela intwana yeswekile
wethu mmelwane.




Yintoni le isinda umakhulu?



Umjikelo wobomi besele

Bhala izigaba zomjikelo wobomi besele ukuze uzitshatise nemifanekiso. Sebenzisa ulwazi olukwiphepha lama-49.



unojubalala isele
amaqanda umntwana wesele


Fakela isandi esishiyiweyo.



1 i n t w a n a



2 u a




3 i l a



4 u m a n a



5 isi l a n d w e



6 i z i y o



7 izi



8 u m l o




Ingqiqo



Funda ibali, **Umnqa wokunyamalala koonojubalala.**



Ngokukokwam/Ngokuzimela



Sebenzisa awakho amazwi ukushwankathela ibali likaZibi.

- 1 **Umlinganiswa:** Umlinganiswa oyintloko ngu _____
- 2 **Isimo sentlalo:** Ibali lenzeka e _____
- 3 **Isishwankathelo sebali:**  

uZibi wayehlala echibini kunye _____

Kwabakho umnqa. Abantakwabo noodade bakaZibi babe





uZibi wayecinga _____

Emva koko, uZibi watsibela _____

Wafumanisa ukuba abantakwabo noodade wabo sele be



Utyikityo: _____

Umhla: _____




Amaqanda azuba (Isahluko 1)



Ngaphambili, endle eAfrika, kwakhe kwakho umthi onameva. Esiqwini somthi kwakukho umngxuma. Emngxunyeni apho kwakukho indlwane efudumeleyo, eyandlalwe ngengca neentsiba. Kule ndlwane kwakukho amaqanda amane amahle aluhlaza nazuba ayejika umbala kancinci ebamdaka.

Kwathi ke, emva kwenyanga, kwenzeka into echulumancisayo. Amaqanda aqalisa ukuqhekeka!



1 Ucinga ukuba yintoni eza kuqanduselwa kula maqanda?

2 Yintoni enye oyibonayo emthini?



Bhala isicatshulwa solwazi.



Isihloko

Umjikelo wobomi besele

Isingeniso

Isigaba 1

Isigaba 2

Isigaba 3

Isigaba 4

Bhala izivakalisi

Bhala izivakalisi ezihlekisayo ezi-5 ubuncinane, usebenzisa amagama akwibhloko. Ungasebenzisa amagama ababini nangaphezulu kwisivakalisi. Amagama owasebenzisileyo uwabhale ngepensile enombala.

intwala thwasa intwaso
 umntwana thwala iindlathi
 unontlalontle indlala



1

2

3

4


5








Isigama nolwimi



Gqibezela itheyibhile.



Igama	Intsingiselo	Igama lesiNgesi
	ukuduka, ukungabonwa	disappearing 
	umntwana wesele	tadpole 
	kunzima ukuyiqonda	mystery 
	isilwanyana esiphila emanzini nasemhlabeni	amphibian 
	incamathela njengeglu	sticky 

Funda izivakalisi.

Ukuhlelwa: Amasele ziamfibhiyeni. Iamfibhiyeni liqela lezilwanyana eziphila phakathi emanzini nasemhlabeni.

Bhala isivakalisi sokuqala ngesiNgesi.





Utyikityo: _____

Umhla: _____






Amaqanda azuba (Isahluko 2)



Kuloo maqanda, kwaphuma amantsontsho entaka amane. Ayeziimfama kwaye emanzi engenantsiba. Ayengakwazi ukuzinyamekela. Kodwa umama wawo wayekhona ewafudumeza. Uyise waphathela umama namantsontsho ukutya.

Umama notata wawo babehlala bejonge izilwanyana okanye iintaka ezinkulu ezinokwenzakalisa iintsana zabo. Yonke imihla ayekhula esomelela, kwaye neentsiba zawo zaqala ukukhula.



1 Ingaba uqikelelo lwakho luchanekile?

2 Yintoni ibinokutya amantsontsho amancinci?


3 Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?





Thelekisa imijikelo yobomi emibini

Ezi zidalwa zombini ziqala umjikelo wobomi zingamaqanda.

Umjikelo wobomi benkukhu



Umjikelo wobomi befudo



Yintoni efanayo? _____

Yintoni eyahlukileyo? _____

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.



ntwaso



ntwazana



iintwala




umntwana



umthwalo

bathwele



1 Ekhaya kukho umntwana omhle.


2 _____ iinyanda zokubasa umlilo.

3 ULizo ebephethe _____ omninzi ukuya kwiiholide zePasika.

4 UNolitha yi _____ entle, kwaye unobubele.

5 _____ zisasazeka lula kubantwana besikolo.

6 Usisi uyathanda ukuxhentsha uphethwe yi _____.



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda oku kabini. Mangaphi amagama owafundileyo?

UZibi wayengunobhalala. Wayenoobhuti noosisi abangaphezu kwekhulu! Wayengoyena mncinci, kwaye engoyena mncinane ngesiqu.

Usapho loonobhalala luhlala emanzini echibi aphilileyo nanzulu.

Ngenye imini uZibi waqaphela ukuba bambalwa oobhuti noosisi anokudlala nabo. Babenyamalala! Yayingumnqa! Kwakubonakala oonobhalala abangama-90 kuphela! Suku nosuku, inani labo lalisiya lincipha. Kungekudala, kwasala oobhuti abangama-20.

- 3
- 7
- 12
- 16
- 19
- 24
- 28
- 31
- 34
- 40
- 44
- 45

	1	2
Inani lamagama endiwafundileyo		
Inani lamagama endingawazanga.		




Amaqanda azuba (Isahluko 3)



Emva kweeveki ezimbini, umama wentaka wabhabha waphuma kwindlwane. Kodwa wayemana ebuya imini yonke ephathela amantshontsho ukutya. Noyise wawo wayewaphathela ukutya. Amantshontsho aye etyeba esomelela. Akhula iintsiba ezintle.

Kungekudala amaphiko awo omelela ngokwaneleyo ukuba abhabhe. Ngenye imini, ema ekupheleni kwendlwane, aze ajonga ezantsi emhlabeni. Emva koko, avula amaphiko awo, aze abhabha! Ayengazange afundiswe ukubhabha. Ayezazela ngokokwawo.



1 Ucinga ukuba iintaka zaziva njani ukubhabha kwazo okokuqala?

2 Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?



Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.


Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.

yikha	yonke	qhekeza	phuma	intloko
bethu	phaya	ityuwa	iqhina	inkwenkwe
funda	kangaka	emotweni	imfuyo	umsebenzi
emva	iziqhamo	ngoko	tsala	abaninzi
yiyo	ukwenza	ibhanti	kowabo	ungaze
bona	rhoqo	igrafu	ikeyiki	uhambile
nantsi	baleka	idesika	umfanekiso	ipensile
itsho	iflegi	ugqibe	inqununu	ekuqaleni

Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____



Amaqanda azuba (Isahluko 4)



Ngosuku olulandelayo, iintaka ezine ze*Hoopoe* zaseAfrika zabhabha ziyokuqala ubomi obutsha. Zazisele zikwazi ukuzinakekela ngoku.

Zazinemilomo emide ezazinokuyisebenzisa ukuze zifumane izinambuzane engceni nasebulongweni bezilwanyana. Zazizakukhangela ooqongqothwane, iintethe nezigcawu ukuze zitye.

Ngenye imini, intaka nganye yayizakuzifumanela umngxuma emthini, ize izakhele eyayo iindlwane. Zizakwandlala iindlwane zazo ngengca neentsiba. Emva koko, zazizakunabisa iintsiba zazo ukutsala amaqabane. Kungekudala, kwakuza kubakho amaqanda amane aluhlaza nazuba, ukuze nomjikelo wobomi uqale kwakhona!



1 Chaza ukuba iintaka ze*Hoopoe* zikhangeleka njani.

2 Chaza intaka entle owakhe wayibona.

Ukurisayikilisha

Iveki yesi-5 neyesi-6





Esona sigebenga sinobubele ehlabathini

Ngaphambili, kwakukho isigebenga esasilima iitumato kwifama yaso, size sizithengise kwimarike yaselalini. Abantu bale lali babesithi, “Usesona sigebenga simdaka ehlabathini. Usoloko Unxibe ilaphu elinye elidala kunye neembadada.” Isigebenga esimdaka sasizibuza ukuba inokuba sifanele sifumane iimpahla ezintle kusini na.




Sabona ivenkile yeempahla eyayineempahla ezilingana naye wonke umntu, ezinkulu nezincinci. Nditsho nempahla yezigebenga! Isigebenga sagqiba ekubeni sithenge iimpahla ezintle. Sathenga ...



ihempe enkulu emhlophe



iqhina elinemigca



ibhulukhwe engqindilili ezuba



iikawusi ezimthubi ezinemigca




kunye nezihlangu ezimnyama ezintle.


Kwakutheni ukuze isigebenga sifune ukunxiba impahla entle?



Isigebenga sanxiba
iimpahla zaso ezintle.
Saziva sinelunda, sahamba
sabuyela efama.
Endleleni sadibana
nendlulamthi, ingcangcazela
ethafeni.
“Yintoni ingxaki?” sabuza
isigebenga.
“Intamo yam iyagodola,”
yatsho indlulamthi.
“Kwaye andiyazi ukuba
ndingayigcina njani
ifudumele.” “Ina, thatha
iqhina lam elitsha,” satsho
isigebenga. “Ungalibhijela
entanyeni yakho.” “Enkosi,”
yabulela indlulamthi.



Ingaba kutheni intamo yendlulamthi igodola?



Isigebenga sahambela phambili. Sadibana nosapho lweehagu zasendle lukhala ethafeni.

“Yintoni ingxaki?” sabuza isigebenga.

“Indlovu inyathele indlu yethu,” watsho umama wehagu yasendle.

“Asinandawo yokulala namhlanje.”

“Ina, thatha ihempe yam,” satsho isigebenga. “Ungayenza ibe yintente eyomeleleyo.” “Enkosi,” labulela usapho lweehagu zasendle.

Isigebenga sahambela phambili.

Sadibana neentsana ezimbini zomhlangala (*mongooses*) ezazikhangeleka zilusizi.

“Yintoni ingxaki?” sabuza isigebenga.

“Silahlekelwe ziingubo zethu,” zatsho. “Siza kugodola ubusuku bonke kwaye umama wethu uza kucaphuka.”

“Ina, thathani iikawusi zam,” satsho isigebenga. “Inye iza kwenza ingubo entle.”

“Enkosi,” abulela amahlangala.



Ufunda ntoni ngesi sigebenga?


Isigebenga sahambela phambili. Sadibana nosapho olukhulu lweenkubabulongwe lugxalathelana.

“Yintoni ingxaki?” sabuza isigebenga.

“Ikhaya lethu likhukhuliswe yimvula,” yatsho eyona nkubabulongwe inkulu. “Sifuna indawo yokuhlala side sizenzele enye.”

“Ina thathani izihlangu zam,” satsho isigebenga. “Zindiqinisile kakade.”

“Enkosi,” zabulela iinkubabulongwe.



Isigebenga sahambela phambili sade saya kufika emlanjeni.

Sadibana nokrozo olude lweembovane ziwangazelisa iimpondo zazo.

“Yintoni ingxaki?” sabuza isigebenga.

“Asikwazi ukuwela lo mlambo,” yatsho imbovane engukumkanikazi. “Ibhulorho yethu yakhukhuliswa zizikhukula.”

“Ina, thathani ibhanti lam,” satsho isigebenga. “Iza kwenza ibhulorho eyomeleleyo.”


“Enkosi,” zabulela iimbovane.

Zingaphi iimpahla ezintsha esishiyeke nazo isigebenga?



Isigebenga sahambela phambili. Kwakushiyeke ibhulukhwe kuphela ... yaze yaqalisa ukuwa ngenxa yokuba sasingenabhanti. Kwangoko, sayikhulula saza sabhijela ilaphu laso emzimbeni kwakhona.

Iincanda ezimbini ezazibaleka ingonyama zabona ibhulukhwe. “Khawuleza, yindawo yokuzimela ingonyama,” zatsho. Zaye zarhubuluza zangena emilenzeni yebhulukhwe ngombulelo.



Isigebenga sabuyela efama, sikhangeleka sisemdaka sisafana nangaphambi kokuba sihambe. “Owu bethuna, ndisesesona sigebenga simdaka ehlabathini,” satsho.

Ingaba esi sisiphelo esihle sebali?

Sathi sakufika kwindlwana yaso, sabona ummangaliso! Zonke eza izilwanyana besizincedile zazisilindile. Zazisiphekele isidlo sangokuhlwa esimnandi. Zazibhale neleta yombulelo.

Sigebenga esithandekayo,

Enkosi ngokusinceda.

Iqhina lakho ligcina intamo yendlulamthi ifudumele.

Ihempe yakho yindlu yosapho lweehagu zasendle.

Iikawusi zakho ziingubo zeentsana zamahlangala.

Izihlangu zakho ngamakhaya azo zonke iinkubabulongwe.

Ibhanti lakho yibhulorho yeembovane.

Nebhulakhwe yakho igcina iincanda zikhuselekile.


Usesona sigebenga sinobubele ehlabathini.

Ivela kuzo zonke izilwanyana ngothando



Ucinga ukuba isigebenga sasiziva njani xa sasifunda ileta?

Ukubhala ngesandla



L L L L L L L L L L L

MVULO

x

I I I I I I I I I I

x

Il Il Il Il Il Il Il Il

LWESIBINI

x

J J J J J J J J J J

x

Ju Ju Ju Ju Ju Ju Ju Ju

LWESITHATHU

x

F F F F F F F F F F

x

Fr Fr Fr Fr Fr Fr Fr Fr

LWESINE

x

L L L L L L L L L L

x

Lo Lo Lo Lo Lo Lo

LWESIHLANU

x

Il Ju Fr Lo Ih La

x

Ju Fr Ih La Il Ih

Tshatisa umfanekiso negama.

amaqanda

indoda

umtshato

umtshayelo

itshokolethi



imatshisi

induli

iindudumo

inde

ikhaphetshu





Funda izivakalisi

UNondumiso unxibe
impahla endala.

Amaqanda entaka aqandusele
amantshontsho amahle.



Utata uthengele umama
ilokhwe nezihlangu ezitsha.



Indoda yathi ifuna
ukuzakhela ikhaya elitsha.



Ndophule umtshayelo
katitshala ngempazamo.



Ucinga ukuba wophuke xa bekutheni umtshayelo?



Ukurisayikilisha



Into endiyaziyo



Into endifuna ukuyazi




Into endiyifundileyo



Iveki yesi-5

Iveki yesi-6





Umfanekiso oqingqiweyo




Indawo
awayebanjelwe
kuyo uNelson
Mandela, eKZN



- 1 Ingaba lo mfanekiso wobugcisa ngowe-2D okanye ngowe-3D?
- 2 Ucinga ukuba lo mfanekiso uqingqiweyo wenziwa njani?
- 3 Yintoni ekwindawo engasemva?
- 4 Yintoni ekwindawo esembindini?

Bhala amagama ngendlela echanekileyo.



1



ndafu

funda

2



ibanondi

3



yelatsha

4



utshalati

5



ukazimtsha

6



indonido

7




amandaqa

8





yatshaku



Ingqiqo

Funda ibali, Esona sigebenga silungileyo ehlabathini.



Phanda ufumane

1 Zeziphi iintlobo ezimbini zezinambuzane ezancedwa sisigebenga?

_____ kunye nee _____



Funda ucinge

2 Ucinga ukuba isigebenga sikhetha ukulunga okanye ukuba sibesihle? _____

Chaza ukuba kutheni ucinga njalo. _____

3 Izilwanyana zawubonakalisa njani umbulelo?

4 Wazi njani ukuba eli libali, ayilulo ulwazi oluyinyani?

Kungokuba _____



Utyikityo: _____

Umhla: _____



Umlambo



- 1 Umlambo wawucocekile. Apho kwakuhlala iintlanzi namasele, yaye izilwanyana zazikwazi ukuwasela amanzi. Abantwana babethanda ukudlala apho.



- 2 Abantu baqalisa ukulahla inkunkuma yabo emlanjeni.




- 3 Amanzi aye angcoliseka. Izityalo emanzini zafa. Zafa iintlanzi namasele. Izilwanyana zazigula xa zisele amanzi.



- 4 Abantwana bayeka ukudlala emlanjeni.

Kutheni lento ungcoliseko lo mlambo luyingxaki?





Ngowuphi umgqomo?



UMaya noMandla bazise izinto zabo ezinokuphinda zisetyenziswe kwiziko lokuphinda kusetyenziswe. Ngowuphi umgqomo ekufuneka bawusebenzise?


Bhala igama lento nganye kumgqomo ochanekileyo.



ibhotile yesiselo
esibandayo



itoti



iqokobhe



itoti yeyogathi



iphephandaba



ibhotile yamanzi



inkonkxa



ibhotile yeglas




Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.



~~i~~indevu iphephandaba amaqanda indala ngetshefu itshokoletshi tshiphe iindondo


- 1 Usisi uqhotsa _____ ekhitshini.
- 2 Umama uthanda ukufunda _____.
- 3 Kubuye ubhuti owaye _____ eRhawutini.
- 4 USam uzisula isilevu _____.
- 5 _____ kaNomaza itshone emanzini.
- 6 Indoda ichebe iindevu ngomatshini wokucheba.




Isigama



umhlangala ihagu yasendle
 esimdaka inkubabulongwe ezintle



Tshatisa igama nomfanekiso.



Bhala amagama uze ugqibezele itheyibhile.

Isigama	Oonobumba	Amalungu
ig _ _ _		
um _ _ _ _ _		
u _ _ _ _ _ _ _ _		



Ithafa



- 1 Izilwanyana, iintaka kunye nezinambuzane zazihlala ethafeni. Zazithanda imithi kuba zazifumana umthunzi neziqhamo. Abantwana babethanda ukudlala apho.



- 2 Abantu baqala ukulahla inkunkuma ethafeni. Babebasa nokubasa.




- 3 Latsha ithafa langcoliseka. Imithi yafa. Iintaka nezilwanyana zemka. Abantwana babesonzakala xa bedlala khona.



- 4 Bayeka ukudlala ethafeni abantwana.

Bahanjiswa yintoni abantwana, izilwanyana, iintaka kunye nezinambuzane?






Zazi iiplastiki zakho

Xa ujonga into yeplastiki uyakwazi ukubona ukuba luhlobo luni lweplastiki. Iiplastiki zamaqela 1, 2 kunye nelesi-4 zezona ziphinda zisetyenziswe rhoqo eMzantsi Afrika. Ezinye ziphinda zisetyenziswe ngamanye amaxesha.




Ingaba zingaphinda zisetyenziswe ezi zinto eMzantsi Afrika?


Bhala rhoqo okanye ngamanye amaxesha.





Bhala isivakalisi
ngomfanekiso ngamnye.





Umsebenzi wezivakalisi

Gqibezela izivakalisi usebenzise amagama akwizibiyeli.



- 1 “_____?” _____ isigebenga
_____. (Yintoni, sabuza, ingxaki)
- 2 “_____ yam iyagodola!” yatsho _____.
(Intamo, indlulamthi)
- 3 “Ina, _____ iqhina _____ elitsha,” _____
_____. (thatha, lam, isigebenga, satsho)

Biyela amagama ukwenza elakho ibali.

- 1 “Yintoni ingxaki?” yabuza/wabuza **inja / unomabhabhathane / ingonyama / xhegokazi.**
- 2 “**Iinyawo / intloko / izandla / iindlebe** zam/yam **ziyagodola / iyagodola / zimdaka / zibuhlungu,**” yatsho/latsho **inkawu / intombazana / ixhego.**
- 3 “Ina, thatha, **le ngubo / ezi glavu / eli yeza / le sepha,**” yatsho/watsho **inja / unomabhabhathane / ingonyama / ixhegokazi.**





Unxweme



1 Izilwanyana zaselwandle, ezinjengeenkumba zaselwandle noononkala, zazihlala kufuphi nolwandle. Iintaka zolwandle zazihlala elunxwemeni. Abantwana babekuthanda ukudlala elunxwemeni baqubhe emanzini acocekileyo.



2 Abantu baqalisa ukulahla inkunkuma elunxwemeni. Enye inkunkuma yayakungena elwandle.




3 Ulwandle nonxweme zangcoliseka.



4 Abantwana abazange baphinde badlale elunxwemeni.

Ungayisombulula njani le ngxaki?





Ubizelo





Ukwenza iindawo zokudlala zikhuseleke



- 1 Abafundi besikolo samabanga aphakamileyo baqokelela inkunkuma emlanjeni. Bafaka inkunkuma ezingxoweni. Basa iingxowa kwindawo yokulahla inkunkuma.



- 2 Abantu baselalini bacoca ithafa. Babiza abaqokeleli benkunkuma ukuba baze kuqokelela ezo ngxowa. Batyala imithi emininzi.




- 3 Abantwana bacoca unxweme baze bafaka inkunkuma emigqomeni.



- 4 Izilwanyana ezincinci, izinambuzane kunye neentaka zabuyela kwezi ndawo. Abantwana bakwazi ukudlala ngokukhuselekileyo emlanjeni, ethafeni okanye elunxwemeni kwakhona. Babekwazi ukudlala kuyo yonke indawo.

Ubukhe wayibona phi inkunkuma ethe saa? Ungenza ntoni?





Ukubhala ngesandla

o o o o o o o o o o

MVULO

x

b b b b b b b b

x

bh bh bh bh bh

LWESIBINI

x

o o o o o o o o o

x

oc oc oc oc oc oc

LWESITHATHU

x

a a a a a a a

x

an an an an an

LWESINE

x

o o o o o o o

x

ou ou ou ou ou

LWESIHLANU

x

bh oc an ou an

x

an bl an oc bh



Khangela la magama angezantsi.

bahlanjwa ~~ingcuka~~ iingcondo ukuthinjwa
ukhonjwe iingcongolo wabanjwa



n	a	c	a	k	j	c	a	z	e	l	a
i	i	n	g	c	o	n	g	o	l	o	k
n	s	u	k	u	t	h	i	n	j	w	a
g	q	f	u	k	h	o	n	j	w	e	w
c	y	g	b	a	h	l	a	n	j	w	a
u	i	i	n	g	c	o	n	d	o	n	b
k	t	g	r	e	a	t	y	b	q	a	o
a	w	a	b	a	n	j	w	a	s	e	b

Khetha amagama amathathu, uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____
- 2 _____
- 3 _____



Funda izivakalisi

Ingcuka izimele emva
kweengcongolo.



Iimpahla zabantu zithinjwe
ngoonovenkile.



Ibhulukhwe kaMafu
ibanjwe lucingo.



Abantwana bahlatywe
ziingceba zebhotile.



Usana luzingcolisile, kumele
luhlanjwe.



Ucinga bekutheni abantwana ze bahlatywe ziingceba?



Ukwenza izinto zokudlala ngenkunkuma




EKwaZulu-Natali umbutho obizwa ngukuba nguSingakwenza, bacoca inkunkuma baze benze izinto zokudlala zabantwana abancinci.

ESingakwenza baqeqesha abazali, abanini beekhritshi, kunye nabantwana besikolo ukuba

benze izinto besebenzisa iibhotile, iibhokisi zekhadibhodi, iziciko zeebhotile, iiplastiki zesonka kunye nenye inkunkuma enokuphinda isetyenziswe. Benza izinto zokudlala kunye nezixhobo zokufunda, ukuze zancede abantwana abancinci balungele ukufunda, ukubhala kunye nezibalo.


UNkosikazi Julie Hay owaqala iSingakwenza, uthi “Izinto zokudlala ezenziwe ngenkunkuma zifundisa ngendlela efanayo nezo zisuka evenkileni. Kwaye xa usenza izinto zakho zokudlala ngenkunkuma kukwakhusela okusingqongileyo.



1 Leliphi iphondo efumaneka kulo iSingakwenza?

2 Basebenzisa ntoni ukwenza izinto zokudlala?

3 Yintoni efundwa ngabantwana xa bedlala ngezizinto zokudlala?



Fakela isandi esishiyiweyo.




1 i ngc uka



2 ukho _____




3 i _____ a



4 ii _____ mbu



5 ii _____ la




6 i _____ di



7 uyahla _____ a



8 iba _____ a



Ukumamela ngengqiqo



Biyela impendulo okanye iimpendulo ezichanekileyo.

- 1 Umrhwebi zange afune isigebenga sibengumhlobo wakhe kuba **sasimdaka / sasiside kunomntu wonke / sasithetha ulwimi olwahlukileyo.**
- 2 Ngubani owayezingca ngokuba ngumhlobo wesigebenga? **umrhwebi / abantu belali / indlulamthi.**
- 3 Isigebenga **sasebenzisa kwakhona nangolunye uhlobo / ukuphinda isetyenziswe / sazimosha** iimpahla zaso ezintle.
- 4 Isigebenga sathi ungasebenzisa iemele endala ukuphatha **amanzi/ ukukhulisa izityalo / ukungcolisa ingca.**
- 5 Isigebenga sathi ungazihlaziya **iipeni / iitoti / iigilasi / iibhotile/ iiemele / iibhotile zepplastiki / oomabonakude.**



Utyikityo: _____

Umhla: _____




UDyakal Ashe neNgonyama (Isahluko 1)



Le yintsomi yaseAfrika engoDyakal Ashe owayekhaliphile, owayesoloko eqhatha ezinye izilwanyana.

Ngenye imini, uDyakal Ashe wayesehla intaba kwindlela emxinwa. Kwakukho amawa kunye namatye macala omabini. Ngequbuliso, kumgama, wabona iNgonyama. INgonyama yayihamba kule ndlela ahamba ngayo isiza ngakuye. Kwakungekho apho angabalekela khona. Wayesazi ukuba iNgonyama ilambile kwaye ingamtya xa benokudibana. UDyakal Ashe kwafuneka acinge icebo ngokukhawuleza.

Ucinga ukuba uDyakal Ashe uza kutyiwa yiNgonyama?
Chaza ukuba ucinga kuza kwenzeka ntoni.





Yenza into yokudlala ngenkukuma.





Okufunekayo:

- Iziciko zebhotile ezi-6(zilingane zonke)
- Iceba lebhokisi yekhadibhodi
- Ikhoki

Omawukwenze:

1. Sebenzisa icala elingabhalwanga lekhadibhodi. Zoba ujikeleze isiciko sebhote, wenze isangqqa embindini wekhadibhodi.
2. Zoba ezinye izangqqa ezintandathu ujikeleze umphandle, wenze imilo eyintyatyambo.
3. Bhala amanani (1-6) kwizangqqa ezingaphandle.
4. Zoba isiqu sentyatyambo kunye namagqabi.
5. Zoba amachaphaza kuzo zonke iziciko zebhotile ukusukela kwichaphaza elinye uyokuma kwamathandathu.
6. Faka iziciko zakho nekhadi eplastikini.

Dlala umdlalo kunye nomntwana. Babonise indlela yokutshatisa inani lamachaphaza kunye nenani.



Bhala izivakalisi

Bhala izivakalisi ezihlekisayo ezi-5 ubuncinane, usebenzisa amagama akwibhloko. Ungasebenzisa amagama ababini nangaphezulu kwisivakalisi. Amagama owasebenzisileyo uwabhale ngepensile enombala.

ibanjwa ingcuka iingcongolo
ingcungcu hlanjwa iingcinga
uyangcangcazela



1

2

3

4


5








Isigama nolwimi



Gqibezela itheyibhile



Igama	Umfanekiso	Igama lesiNgesi
		mongoose
		bush pig
		dung beetle
		scruffy
		smart

Funda izivakalisi.

“Yintoni ingxaki?” sabuza isigebenga.

“Intamo yam iyagodola!” yatsho indlulamthi kalusizi.

“Ina, thatha iqhina lam elitsha,” satsho isigebenga.

Bhala isivakalisi sokuqala ngesiNgesi.




Utyikityo: _____

Umhla: _____



UDyakalashe neNgonyama (Isahluko 2)




Ngokukhawuleza uDyakalashe wabeka amathupha akhe phantsi kwelitye elikhulu wenza ngathi uyaliphakamisa.

“Nceda, Nceda! Ngokukhawuleza! Yizani nizokundinceda!” watsho ekhwaza uDyakalashe. Wenza ngathi akakhange ayibone iNgonyama.

INgonyama yasiva isikhalo sikaDyakalashe ecela uncedo. Yabalekela phambili yaze yabona uDyakalashe ebambe iliwa. UDyakalashe wathi, “Ukuba ndinokuliyeka eli liwa, le ntaba ingawela phezu kwethu sobabini. La matye awabambelelanga. Leli litye likhulu elibambe yonke into. Kumele undincede ukulibamba!”

Ucinga ukuba iNgonyama iza kumnceda uDyakalashe?
Cacisa ukuba kutheni usitsho.






Nciphisa, sebenzisa kwakhona, risayikilisha



Nciphisa:

Sebenzisa izinto ezinokusetyenziswa kube kanye ezimbalwa.

Thatha ibhegi yakho yokuthenga xa usiya evenkileni.



Phisa ngeempahla zakho ezincinci ungazilahli.



Sebenzisa kwakhona:

Sebenzisa izinto izihlandlo ezininzi.

Bhala kumacala omabini ephepha ukuze ungalimoshi.



Sebenzisa amanzi okuhlamba izitya ukunkcenkceshela igadi.



Thatha iibhotile neetoti uzise kumzi wokurisayikilisha.



Okunokusetyenziswa kwakhona: Yenza into entsha ngento odla ngokuyilahla.

Yenza umgquba ngokutya okuseleyo/iimvuthuluka zokutya.



Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.




luyahlanjwa

ingcuka



iingcambu





banjwa




uyangcangcazela



ingca



- 1 Ingcuka sisilwanyana esinobungozi kakhulu.
- 2 Usana _____ kuba beluzingcolisile.
- 3 Lo mthi mdala _____ zawo zomelele kakhulu.
- 4 Ubhuti uvela ejele ebeli _____.
- 5 Usisi uyagodola, ude _____ yingqele.
- 6 Utata ucheba _____ eyadini ngomatshini.



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda oku kabini. Mangaphi amagama owafundileyo?

Ngaphambili, kwakukho isigebenga esasilima iitumato kwifama yaso, size sizithengise kwimarike yaselalini.

Isigebenga sagqiba ekubeni sithenge iimpahla ezintle.

Isigebenga sadibana nosapho lweehagu zasendle lukhala ethafeni.

“Yintoni ingxaki?” sabuza isigebenga.

“Indlovu inyathele indlu yethu,” watsho umama weehagu zasendle. “Asinandawo yokulala namhlanje.”


“Ina, thatha ihempe yam,” satsho isigebenga. “Ungayenza ibe yintente eyomeleleyo.”

- 4
- 9
- 11
- 15
- 17
- 21
- 24
- 28
- 33
- 37
- 39
- 45
- 49

	1	2
Inani lamagama endiwafundileyo		
Inani lamagama endingawazanga.		




UDyakalashe neNgonyama (Isahluko 3)



INgonyama ngokuqinisekileyo yayingafuni ukutyunyuzwa ngamatye entaba. Ngoko ke, wakhawuleza wayokunceda uDyakalashe.

INgonyama yema ecaleni koDyakalashe yamncedisa ukubamba iliwa. Yalikholelwa ibali likaDyakalashe. Emva komzuzu uDyakalashe wathi, “Asinakuma apha unaphakade. Ukuba ungaqhubeka ubambe eli liwa, ndiza kuhamba ndiyokukhangela isigodo eside esomeleleyo. Singasisebenzisa isigodo eso ukubamba iliwa.” “Ngumbono omhle lowo,” yatsho iNgonyama. “Ndiza kulibamba lo mzuzu usakhangelisa isigodo. Kodwa uze ukhawuleze.”

Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?





Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.


Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.

nye	kangaka	iqhoshha	izinyo	umva
gqi	isandla	yatsho	lumka	nguye
xhuma	qhekeza	umsila	edolophini	dlula
amanzi	amandla	wahleka	abantwana	mhle
nceda	ibanga	umlingo	idesika	xuba
nzima	bodwa	ugqiba	utitshala	umvundla
afanayo	ibhere	ngqukuva	ucango	ubhuti
kakhulu	nantsi	mhlophe	yeka	ngomso

Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____



UDyakalashe neNgonyama (Isahluko 4)




UDyakalashe washiya iNgonyama ibambe ilitye elikhulu ezenza ngathi uyokukhangela isigodo. Wahamba waye ebhekela ngokubhekela kwiNgonyama.

“Ndisakhangela,” wayemane esitsho uDyakalashe. Kungekudala waba kude uDyakalashe, akabonakala kwiNgonyama. INgonyama yalinda, yalinda, ilinde uDyakalashe. Yalinda lade latshona ilanga. Ekugqibeleni waqonda ukuba uqhathiwe nguDyakalashe okrelekrele.

Wayeka ukubamba ilitye elikhulu, kwaye akuzange kwenzeke nto.

Ngeloo xesha uDyakalashe wayesele ekude kakhulu, yona iNgonyama yabe ifile yindlala.

Ingaba yaba sisiphelo esihle esi? Chaza ukuba kutheni usitsho.



Ukutya ngokusempilweni

Iveki yesi-7 neyesi-8





UKumkani uMidas



Kudaladala kwakukho isityebi sekumkani eyayibizwa ngokuba nguKumkani uMidas. Yasisityebi sendoda kwilizwe jikelele. UKumkani uMidas wayethanda izinto ezine: Wayethanda umntwana wakhe ekuphela kwakhe uNogolide, wayethanda amaxesha akhe okutya, wayethanda igadi yakhe, kwaye wayethanda negolide. Ndilusizi ukunazisa ukuba igolide yayiyeyona nto ayithandayo kuzo zonke: Wayenamagumbi ngamagumbi azele yigolide. Wayeneengcingo zegolide, imali ezinkozo yegolide, ubucwebe begolide – nayo nantoni na eyenziwe ngegolide. Nangona wayenentombi entle, igadi ethandekayo, esitya ukutya okumnandi mihla yonke, wayengonwabanga kuba wayesayifuna ngakumbi igolide!

Ucinga ukuba uKumkani kumele abe wonwabile? Ngoba?



Ngenye imini uKumkani uMidasi wabona isidalwa esingaqhelekanga egadini. Esi sidalwa isiqingatha somzimba waso sasiyinkwenkwana esinye isiqingatha somzimba sasiyibhokhwe. Esi sidalwa sasizilimazile. Nangona wayethanda igolide, uKumkani uMidasi wayeyindoda enobubele, wakhawuleza ukuya kunika isidalwa uncedo. Wayengazi ukuba esi sidalwa sesinye sezicaka sesona sithixo samaGrike esinamandla nesaziwayo selo xesha babephila ngalo. UKumkani uMidasi wabopha umlenze wesidalwa ngebhandeji wasipha amanzi. Ngokukhawuleza isidalwa saziva ngcono kakhulu. Sathi, “abantu abaninzi bebezakuba noloyiko lokundinceda. Ukukubulela ngokupheleleyo, ndiza kupha umnqweno omnye owunqwenelayo. Nantoni na oyingqwenelayo.”

Ubona ngantoni ukuba uKumkani uMidasi wayenobubele?



UKumkani wacinga ngako konke asele enako. Unentombi entle, unokutya okwaneleyo, unegadi entle. Kodwa igolide wayengenayo ngokwaneleyo! Ngoko wathi, “Ndingwenela yonke into endiyibambayo ibe yigolide.”

“Ndiyathemba awuzokuzisola,” satsho isidalwa. “Kodwa ndiza kunika umnqweno wakho.”

UKumkani uMidasi wavuya kakhulu. Ngoko nangoko wabamba umthi omhle. Ngephanyazo wajika wayigolide. Wajikeleza wabamba yonke imithi egadini. Yonke yajika yayigolide! Waze waya kubamba iintyatyambo. “Ekugqibeleni ndiza kuba sesona sityebi sendoda ehlabathini,” wacinga njalo. Akazange aqaphele ukuba iintaka namabhabhathane ziyabhabha zisimka, igadi yajika yaba yigadi yemifanekiso eqingqiweyo.

Ucinga ukuba uKumkani uza kuzisola ngomnqweno wakhe? Ngoba?

Kwangelo thuba, umpheki weKumkani wazisa isidlo sangokuhlwa. Yayisesona sidlo asithandayo. Yayiyinyama yenkukhu, iitshipsi kunye nesuphu yemifuno. “Mhhh, ivuzis’amathe,” watsho uKumkani. “Ndilambe kakhulu kwaye ndinxaniwe emva kovuyo olungaka. Kodwa kuthe xa ebamba umlenze wenkukhu wajika wayigolide! Wabamba iplejiti yeetshipsi kwenzeka into efanayo, yajika nayo. Waphakamisa icephe kuba eza kukha isuphu, nazo zajika zayigolide. “Hayi yho!” watsho uKumkani. “Yintoni le ndiyenzileyo? Ndenze umnqweno wobuyatha.”



Uqalisa ukuziva njani ngoku uKumkani?



Ngalo mzuzu uNogolide waza ebaleka ukuzokuwola uyise. “Musa ukundiwola Nogolide,” wakhwaza watsho uyise. Kwakusele kusemva kwethuba! UNogolide wayebaleka eyokumwola. Uthe xa kanye embamba wajika ngoko nangoko wayigolide. Waba ngomfanekiso oqingqiweyo wegolide. Wakhala kabuhlungu uKumkani uMidasi, “Ndiphulukene nayo yonke into ebendiyithanda ngokwenene,” watsho. “Intombi yam, igadi yam, ukutya kwam okumnandi, amanzi okusela. Ndincede sidalwa semilingo wuthathe umnqweno wam. Igolide ayibalulekanga ukodlula izinto endizithandayo emhlabeni.”




Uphulukene nantoni uKumkani? Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni?



“Uyaqonda ngoko ukuba kukho izinto ezininzi ezibaluleke ukodlula igolide,” satsho isidalwa. “Ubunyoluke kakhulu,” satsho. “Kulungile ndiza kuwususa umlingo. Kodwa uze ukhumbule umnqweno wakho wobuyatha xa uphinda ucinga ukuba igolide yeyona nto ibaluleke ukodlula yonke into ehlabathini.” Ngesiquphe uNogolide wahleka kwakhona, ukutya kweKumkani kwanuka kamnandi, nemithi yaphila kwakhona. UKumkani wasela amanzi amnandi, waze wawola uNogolide. Waqonda ukuba unako konke ebekufuna. Wayeka ukuba yiKumkani enyolukileyo waba yiKumkani ekholisekileyo.

Ingaba sisiphelo esimnandi esi? Ngoba?

Ukubhala ngesandla



MVULO

x

l l l l l l l l l l

D D D D D D D D

x

De De De De De De

LWESIBINI

x

ly ly ly ly ly ly ly

x

lyu lyu lyu lyu lyu

LWESITHATHU

x

l l l l l l l l l l

x

la la la la la la

LWESINE

x

xz xz xz xz xz

x

xz xz xz xz xz

LWESIHLANU

x

De lyu la Xy zu

x

zo Xy lyu la De

Tshatisa umfanekiso negama.

inqwaba



inqwelontaka



isithwalandwe



umtywini



indlela



iingcongolo



intwazana

ubuncwane



ncwela

indlebe





Funda izivakalisi

UKumkani osisityebi unegumbi elizele bubuncwane begolide.



UNoludwe yintwazana ethandekayo kuba unobubele.



Sive ngaye sele encwina ziintlungu.



Beza bethwele amapheyile amanzi entloko.



Utata ubize umtywini aze kutywina impompo evuzayo.



Kutheni le nto ethandwa uNoludwe?




Amaqela okutya



Into endiyaziyo



Three horizontal lines for writing.



Into endifuna ukuyazi



Three horizontal lines for writing.

Into endiyifundileyo




Iveki yesi-7

Two horizontal lines for writing.

Iveki yesi-8

Two horizontal lines for writing.






Ungqinelwano kwezobugcisa

Yintoni umahluko phakathi kwale mifanekiso mibini?



Umfanekiso woku-1




Umfanekiso wesi-2

Kumfanekiso woku-1, onke ama-apile a _____.

Kumfanekiso wesi-2, ama-apile a _____.

Umfanekiso woku-1 awulungelelananga. Umfanekiso wesi-2 ulungelelene.

Gqibezela lo mfanekiso ukuze ulungelelane.



Bhala isandi

1



2

3

4

5

Fakela isandi esishiyiweyo.



1 i ncw adi



2 i _____ a



3 izi _____ u




4 um _____ ana




5 um _____ azi



6 u _____ ala



Ingqiqo



Funda ibali, **uKumkani uMidasi**.



Phanda ufumane



Funda ucinge

1 Zeziphi izinto ezine uKumkani uMidasi wayezithanda ekuqaleni kwentsomi?

2 Wawuyintoni umnqweno wakhe?

3 Kwenzeka ntoni ukuze uKumkani uMidasi afune ukuwutshintsha umnqweno wakhe?

4 Watshintsha njani uKumkani uMidasi?



Utyikityo: _____

Umhla: _____



Ukutya ngaphandle kwekhaya

EMzantsi Afrika zininzi iindawo onokuthenga kuzo ukutya okusele kuphekiwe.

Ngamanye amaxesha unokubona abantu bethengisa ukutya abakupheka ecaleni kwendlela. Ungabona umbona, inyama eyojiweyo okanye amagwinya.

Kwiivenkile ezithengisa ukutya okukhawulezayo uthenga kwikhawuntara. Ungathenga amaqathana enkukhu, iibhega okanye iitshipsi ezishushu kwezinye zezovenkile. Kukho nezinye ekutyelwa kuzo, apho uhlala phantsi ulindele iweyitara ithathe iodolo yakho.

Ukutya kwenziwa kwikhitshi lalapho. Umpheki nguye ophetheyo kwicala lokupheka. Abanye babapheki beli loMzantsi Afrika babangabapheki abanendumasi.



1 Chaza imisebenzi emibini eyenziwa kwiindawo ekutyelwa kuzo?

2 Kokuphi ukutya okuphekwa ezitalatweni owakhe wakubona?






Iphiramidi yokutya

Ubukhulu besithuba kwiphiramidi yokutya, busibonisa ukuba kokona kutya okumele sikutye kakhulu.

Zoba ukutya okufanelekileyo kwisithuba ngasinye.



Amashwamshwam
aswiti nanetyuwa

Kanye ngeveki

Ioli namafutha
ukusinika amandla
nokusigcina sifudumele

Umlinganiselo omncinci ngosuku

Imveliso zobisi
zigcina amathambo
namazinyo omelele

2 okanye 3 ngosuku

Iiprotheni zakha
izihlunu zisenze
somelele

2 ngosuku

Iikhabhohayidrethi
zisinika amandla

3 ngosuku

Iziqhamo nemifuno
zisinika iivithamini
nefayibha

5 ngosuku



Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.



utywala izindlu utywina
uneendlebe uyancwina ingcuka
kutshata inqwelomoya

- 1 Umntywini _____ umbhobho wempompo ovuzayo.
- 2 Usana lunqwenela ukukhwela _____.
- 3 Umvundla _____ ezintle ezinde.
- 4 Utitshala wethu omtsha uza _____.
- 5 Bangcangcazela kukoyika bakubona _____.
- 6 UNomsa usila utywala.



USiba - umpheki waseMzantsi Afrika

Umama kaSiba Mtongana wayengutitshalakazi kodwa wayekuthanda nokuphekela usapho lwakhe izidlo. Wayenesitiya semifuno, ewayethanda ukuyisebenzisa xa epheka.

Loo nto yenza uSiba abenomdla kakhulu kwezokupheka, kwathi xa egqiba isikolo waya kufundela ezesondlo. Wafunda ngendlela ukutya kusigcina sisempilweni ngayo. Waqala wabhalela iimagazini zokutya iiresiphi. Ngaminazana ithile wacelwa ukuba avele kumabonakude epheka enye yeeresiphi zakhe. Wakhawuleza wanenkqubo yakhe kumabonakude ebizwa ngokuba yiSiba,'s Table. Le nkqubo ibonisa uSiba ephekela abantwana bakhe izidlo ezisempilweni kwikhaya labo eliseKapa.



1 Ufunda ngantoni xa ufundela ezesondlo?

2 Yeyiphi inkqubo yokupheka owakhe wayibona kumabonakude? Yintoni eyayiphekwa?




Ukutya okunazo zonke izakha mzimba

1 Bhala igama leqela lokutya kwisithuba esichanekileyo.

Iikhabhohayidrethi Iiprotheni Imveliso zobisi
 Iziqhamo nemifuno Ioli namafutha
 Amashwamshwam aswiti nanetyuwa

2 Tshatisa umfanekiso neqela lokutya elichanekileyo.




3 Biyela iimpendulo ezichanekileyo.


- a Kumele sitye kakhulu **amashwamshwam aswiti nanetyuwa / iikhabhohayidrethi / iziqhamo nemifuno.**
- b Ukutya okunazo zonke izakha mzimba kuxa utya **kwiqela elinye lokutya / kumaqela axubeneyo / kumaqela amabini.**

4 Ucinga ukuba idayethi yakho kukutya okunazo zonke izakha mzimba? Kutheni usitsho?



Bhala isivakalisi
ngomfanekiso ngamnye.





Umsebenzi wezivakalisi



Gqibezela izivakalisi usebenzisa la magama.

zitshipsi

iqulathe

ethandwayo

imifuno

Yayiyi sophoro _____ ngukumkani.

Yayi _____ inkukhu, _____

kunye nesuphu ye _____.

Bhala ezakho izivakalisi.

Izolo, bendisenza _____ .

Ibiyi _____






UReuben Riffel - umpheki waseMzantsi Afrika



Umama kaReuben Riffel wayesebenza kwindawo yokutyela. UReuben uthe xa eyeka isikolo, wayokusebenza njengeweyitara kwindawo yokutyela. UReuben wayenomdla ngendlela ekuphekwa ngayo ukutya, waze wacela ukusebenza ekhitshini. Kungekudala wancedisa umpheki.

Ngenye imini umpheki wagula, kwafuneka uReuben aphekele bonke abathengi. Bonke bakuthanda ukutya kwakhe. Ukusukela loo mini wagqiba kwelokuba uza kufundela ukuba ngumpheki. Ngoku ungomnye wabapheki abaphambili eMzantsi Afrika. Kodwa ngamanye amaxesha usamphekela umama wakhe. Ukutya akuthandayo umama wakhe lidada elojiweyo.





- 1 Kwakutheni uReuben aze aphekele abathengi engalindelanga?

- 2 Kokuphi okona kutya kuthwandwa ngunina kaReuben?

- 3 Sesiphi esona sidlo esithandwayo ngumama wakho okanye ngutata wakho?



Ubizelo





UKatlego Mlambo - umpheki waseMzantsi Afrika

UKatlego ngumpheki waseMzantsi Afrika oselula othanda ukutya kwamazwe ngamazwe. Usebenze ehlabathini jikelele. Uthe xa ebuyela eMzantsi Afrika wasebenza uRhawutini njengompheki kwenye yeendawo zokutyela.

Wazama ukupheka ukutya kwaseMzantsi Afrika, okunjengomilimili ngendlela entsha. Umnini wendawo yokutyela wandwendwela indawo yokutyela. Ukutya kwakumnandi ngeyona ndlela, waze wamema uKatlego ayokuba ngumpheki kwindawo yakhe yokutyela, eLondon. UKatlego unqwenela ukubhala incwadi enazo zonke iresiphi zakhe ezinomdla.




Bhala iresiphi yokwenza isonka esiqatywe ijem.

Izithako (izintoni ozidingayo):

Indlela yokwenza (into omawuyenze):





Ukubhala ngesandla

MVULO

x

Ab Br bo Dr En Fy

x

Fy Dr En Br Ab bo

LWESIBINI

x

gh hi im jh km li

x

li jh km hi gh

LWESITHATHU

x

ma no oc pr qu

x

ri pr no qu ma

LWESINE

x

yy sa tu un vi we

x

we sa yy tu un

LWESIHLANU

x

a b e d m k o j

x

x


pr fh ji he lo in

x



Khangela la magama angezantsi.

intle intlungu tywelele intlanzi
iintloni uyahlanjwa ~~ibanjwa~~ utywantsi



t	y	w	e	l	e	l	e	g	s	i	i
w	e	g	t	e	q	r	d	a	s	b	i
o	i	n	t	l	u	n	g	u	d	a	n
z	b	f	g	a	w	q	m	b	o	n	t
u	t	y	w	a	n	t	s	i	h	j	l
u	r	i	n	t	l	a	n	z	i	w	o
p	t	e	q	n	i	n	t	l	e	a	n
u	y	a	h	l	a	n	j	w	a	y	i

Khetha amagama amathathu, uze ubhale isivakalisi esifutshane ngegama ngalinye.

- 1 _____
- 2 _____
- 3 _____



Funda izivakalisi

Intle kakhulu imini yanamhlanje.



Intloko kaLizo igcwele yinkwethu.



Yaba buhlungu intliziyo kamama ngokubanjwa kukabhuti.



Nabaya abantwana bentswayiza isitalatweni.


Sambona uPhelo ethe tywelele endleleni.



Kwakutheni ukuze ibe buhlungu intliziyo kamama?



Ukutya kwamaxesha onke nokwamaxesha athile



Ukutya kwamaxesha onke	Ukutya kwamaxesha athile
<p>Oku kukutya ongakutya nangaliphi ixesha. Kokona kutya kusempilweni. Imizekelo: iziqhamo nemifuno, ubisi</p> 	<p>Olu luhlobo lokutya okungekho mpilweni. Kungoko kutyiwa ngamaxesha athile. Imizekelo: iitshipsi, iilekese, iayisikhrim</p> 

Dwelisa okona kutya ukuthandayo okutyiwa **ngamaxesha onke.**



Bhala isivakalisi uchaze ngendlela oziva ngayo xa uthe watya ukutya okusempilweni.

Bhala isandi

1


2

3

4

5

Fakela isandi esishiyiweyo.



1 i n t l a n z i




4 i b a _____ a



2 i _____ n g o




5 u _____ a l a



3 u b h o _____



6 i _____ i z i y o




Ukumamela ngengqiqo



**Gqibezela isishwankathelo sebali, *Isuphu yelitye*.
Sebenzisa amagama asebhokisini.**

libali yelitye mbizeni imifuno krelekrele
netyuwa lobugqi elalini imnandi bazise



Isuphu yelitye _____ likaMnumzana uZ

owafika _____ wathi angenza isuphu

_____. Wafaka amatye e _____

waze wacela abantu _____ amanzi,

_____, amathambo kunye _____.

Bathe xa beyingcamla isuphu, yavakala _____.

Ilali yayicinga ukuba lilitye _____, kanti

nguMnumzana uZ owaye _____.



Utyikityo: _____

Umhla: _____



Ukutya esikutya rhoqo



Ukutya esikutya rhoqo kukutya okubalulekileyo kwimpilo yabantu yemihla ngemihla. Ukutya esikutya rhoqo kuqulathe iikhabhohayidrethi ezininzi, ezisinika amandla kwaye zenze ukuba sihluthe. Azinazo iiprotheni neevithamini, ngoko aziwonelanga umzimba xa uzitya zodwa.

Ilizwe ngalinye linokutya kwalo elikutya rhoqo, oku kuxhomekeke ukuba yintoni ekhula kakuhle apho. Okona kutya esikutya rhoqo okufana nombona, irayisi kunye nengqolowa kukutya okuzinkozo. Ezinye zizityalo zeengcambu, ezifana neeyam (*yams*) okanye neetapile. Zonke ke ezi zingahlala ixesha elide, kwaye akukho mfuneko yokuba uzigcine emkhenkceni.



- 1 Chaza iindidi ezintathu zokutya esikutya rhoqo _____

- 2 Kokuphi okwakho ukutya okutya rhoqo? _____



USandile ufunda ukwenza ukhetho olululo



USandile wayeqaqanjelwa lizingo kakhulu.




Umama wakhe wamsa kwagqirha wamazinyo.




Kwakukho imingxuma emazinyweni kaSandile.



Ugqirha wamazinyo walitywina izinyo.



“Yitya iilekese ngamaxesha athile. kungcono utye iziqhamo.”



“Hlamba amazinyo wakho, usele ubisi, namasi, utye iyogathi nemifuno eluhlaza.”

Bhala izivakalisi

Bhala izivakalisi ezihlekisayo ezi-5 ubuncinane, usebenzisa amagama akwibhloko. Ungasebenzisa amagama ababini nangaphezulu kwisivakalisi. Amagama owasebenzisileyo uwabhale ngepensile enombala.

intloko intluva tywaa
 ibanjwa uhlanjwa intle
 intlanganiso intlutha



1

2

3

4

5



Isigama nolwimi



Gqibezela le theyibhile.

Igama	Intsingiselo	Igama lesiNgesi
	ukufuna kakhulu	greedy
	into ephilayo	creature
	ubudenge	foolish
	umntu oqeqeshelwe ukupheka	chef
	Ukuba nombulelo	grateful

Funda izivakalisi.

Yayisesona sidlo sangokuhlwa esasithandwa ngukumkani. Sasiqulethe inkukhu, iitshipsi kunye nesuphu yemifuno.

Bhala isivakalisi esinye ngesiNgesi.



Utyikityo: _____


Umhla: _____



Umbona



Umbona luhlobo lwengca oluneziqhamo ezityiwayo. Kukutya okutyiwa rhoqo okubalulekileyo kwiindawo ezininzi emhlabeni. Ukwabizwa nangokuba yimilisi okanye ikhoni. Iimbewu zombona zaziswa eAfrika zisuka eMzantsi Melika kwinyaka engama-500 eyadlulayo. Ezi mbewu ziyimibala eyahlukileyo. Umbona omhlophe okanye otyheli uyatyiswa jikele eAfrika. Umbona owomileyo ogutyiweyo wenza ipapa ebizwa ngokuba sisidudu, ipapa yomilimili, *isadza*, *nshima* okanye *ugali*. Umbona uyasilwa ucolwe ube ngumgubo ukwenza iintlobo-ntlobo zezonka. Ezinye iinkozo zombona ziyaqhashumba xa zidibene nobushushu, zisinike amashwamshwam amnandi ekuthiwa ngamaqhashu. Iikhonfleyikhi (isidlo sakusasa esisebhokisini) zenziwe ngombona.



- 1 Ingaba umbona kukutya kwemveli eAfrika? _____
- 2 Ingaba umgubo wekhoni wenziwe ngombona? _____
- 3 Amaqhashu enziwe ngombona, kodwa ingaba akukutya okutyiwa rhoqo ? Ngoba?




Ukwenza ukhetho olululo

Funda ibali elikwiphepha le-159. Phendula imibuzo.

- 1 Biyela amagama achanekileyo.
 - a USandile wayenezinyo elibuhlungu kuba **wayenomngxuma ezinyweni lakhe / wayebethwe ngumntu / wayelume into eqinileyo.**
 - b Umama wakhe wamthatha wamsa **kwagqirha / kwaqirha wamazinyo / esikolweni.**
 - c Ugqirha wamazinyo usebenzise **idrila / isipili nesibane sokukhanyisa / iglasi eyenza nkulu** ukujonga emlonyeni kaSandile
 - d Ugqirha wamazinyo walikhupha **izinyo likaSandile / wayiyeka imingxuma injengoko injalo / walitywina izinyo.**
 - e Ugqirha wamazinyo wanika uSandile **ilekese / iziqhamo / igilasi yobisi** emveni kokuba izinyo lakhe litywiniwe.

- 2 Ugqirha wayalela uSandile ukuba enze ukhetho olululo. Biyela ukutya okulungele amazinyo ethu.



- 3 Uwagcina njani amazinyo wakho esempilweni? Gqibezela ezi zivakalisi.
 - a Kumele nditye _____ kunye _____ ukuze ndibe namazinyo awomeleleyo.
 - b Ii _____ ezikoku kutya zinceza amazinyo omelele.
 - c Kumele nditye iilekese ngama _____ .

Gqibezela izivakalisi ngamagama achanekileyo.



ihlanjwe

utywala




nontlalontle

iintlanzi




intloko

tywelele



- 1 Utata akamfuni umntu osela kakhulu utywala.
- 2 Ndibone _____ ezininzi elwandle izolo.
- 3 Utatomkhulu uthe _____.
- 4 ULisa ufundela ukuba ngu _____.
- 5 Impamhla yesikolo kumele _____ ngesepha.
- 6 UKen uyalila uthi _____ yakhe ibuhlungu.



Ukuziqhelanisa notyibiliko

Funda oku kabini. Mangaphi amagama owafundileyo?

Ngaloo mzuzu uNogolide waza ebaleka ukuzokuwola uyise. “Musa ukundiwola Nogolide,” wakhwaza watsho uyise.

Kwakusele kusemva kwethuba! UNogolide wayebaleka eyokumwola! Uthe xa kanye embamba ... wajika ngoko nangoko wayigolide. Waba ngumfanekiso oqingqiweyo wegolide.

Wakhala kabuhlungu uKumkani uMidasi, “Ndiphulukene nayo yonke into ebendiyithanda ngokwenene,” watsho. “Intombi yam, igadi yam, ukutya kwam okumnandi, amanzi okusela. Ndiyacela sidalwa semilingo, wuthathe umnqweno wam.”

- 5
- 10
- 13
- 17
- 22
- 27
- 31
- 35
- 40
- 45
- 51
- 55
- 57


	1	2
Inani lamagama endiwafundileyo		
Inani lamagama endingawazanga.		



Irayisi



Irayisi luhlobo lwengca olunembewu etyiwayo. Kukutya okutyiwa rhoqo kwabantu abangaphezulu kwesiqinqatha elizweni, ngakumbi eAsia naseMntla Afrika. Irayisi ikhula kwindawo eshushu, nakwimozulu emanzi, kumhlaba othe tyaba ozele amanzi. Kukho iintlobo-ntlobo zerayisi. Irayisi emdaka, kususwe umaleko wangaphandle oqinileyo. Inefayibha nezondlo ukodlula irayisi emhlophe. Irayisi ingagutywa ibe ngumgubo wokwenze ikeyiki zerayisi nezinye iimveliso ezibhakiweyo. Amalungu esityalo serayisi angatyiwayo asetyenziswe ukwenza iimethi, iingubo, umgquba kunye namafutha.



- 1 Bhala igama elisixelela ukuba sitya iimbewu kwizityalo zerayisi. _____
- 2 Biyela impendulo echanekileyo: Irayisi kukutya okutyiwa rhoqo **kwaseChina** / **eIndia** / **eNorway**.
- 3 Ingaba irayisi emdaka isempilweni kunerayisi emhlophe?



Ukufunda amagama ngexesha elibekiweyo.

Fundela iqabane lakho la magama ngomzuzu omnye.

bulela	impuku	nantsi	jikeleza	iziqhamo
phambi	wacinga	apho	umlilo	ndifuna
ukucoca	wahleka	zakho	chaza	ndathi
imfuyo	umsebenzi	ihobe	ibhafu	phandle
kukho	umvundla	ifoto	khwela	thatha
ngaphaya	umthi	funda	lwakhe	unesi
ivatala	umdlalo	idada	igogogo	iqela
ucango	edolophini	bethu	ivumba	iflegi

Amagama owafunde ngokuchanekileyo: _____



Ingqolowa

Ingqolowa luhlobo lwengca olunembewu etyiwayo. Inxalenye yomphezulu womhlaba ugqunywe yingqolowa ekhulayo kunaso nasiphi esinye isityalo. Kwiifama ezinkulu, oomatshini abakhulu bokuvuna ababizwa ngokuba zi*combine harvesters* basika ingqolowa bohlule iinkozo kwisiqhu sesityalo. Ingqolowa inekhabhohayidrethi ezininzi, kodwa ineprotheni eninzi kunombona okanye irayisi. Iinkozo zengqolowa kukutya okutyiwa rhoqo ukwenza umgubo wesonka, iibhiskithi, iisiriyeli (iipapa zakusasa ezisezibhokisini), ipasta kunye nekhushkus (*couscous*). Ingenziwa negwele ukwenza utywala kunye namafutha emoto. Abantu engabalungeliyo ingqolowa bangaphathwa lutyatyazo xa bathe bayitya.



- 1 Biyela isivuno esityiwa rhoqo esineprotheni eninzi:
umbona / irayisi / ingqolowa
- 2 Lithini igama lomatshini omkhulu osetyenziswa ukuvuna ingqolowa

- 3 Ukuba ayikulungeli ingqolowa, ingaba kumele uyeke ukuyitya?

Okunye malunga nezinambuzane

Iveki ye-9





Umbongo I: Izidalwa jikelele


Umbhali: Funda Wande

Zingaphi izigidi zeembovane elizweni?
Mingaphi imibungu osele uyibonile?
Zonke zinomsebenzi kwindalo.
Zonke zigcina iplanethi iluhlaza.

Zingaphi izigidi zeentothoviyane,
Zingaphi zona iinyosi?
Zonke zinomsebenzi kwindalo.
Zonke zigcina iplanethi iphilile.

Ezinye zenza ukutya, ezinye zikukutya,
Ezinye zinceda izityalo zikhule
Kodwa zonke ziluncedo emhlabeni
Yinto ekumele sonke siyazi.

**Umalunga nantoni lo mbongo?
Ngawaphi amagama
owathandileyo?**



Umbongo 2: Umbungu, ibhabhathane

Umbhali: Funda Wande

Umbungu uyatya
Utya amagqabi athambileyo aluhlaza.
Uyaluma, uyahlafuna, uyaginya
Kude kuyotshona ilanga.

Umbungu ulele
ebhedini yawo efudumeleyo yesilika,
Uyaphupha, ulele kamnandi,
kude kuvele inyanga esibhakabhakeni.

Umbungu uyatshintsha
kwiqokobhe lawo elihle.
Uyahamba, uyashukuma, uyatshintsha,
kude kuyokuphuma ilanga.

Ibhabhathane liyavuka
emaphupheni alo amnandi.
Liyabhabhazela, liyadlisela, liyabhabha
kude kuyokuphela imini.

**Umalunga nantoni lo mbongo?
Ngowuphi umfanekiso-ngqondweni
obunawo ngelixa ufunda ivesi nganye?**



Umbongo 3: Kunye nomhlobo



Umbhali: Funda Wande

Ndiyathetha nomhlobo wam
ndiyahamba nomhlobo wam,
Sakuba ngabahlobo naphakade.



Ndiyadlala nomhlobo wam
ndiyahlala nomhlobo wam,
Sitya ukutya kwethu kunye.



Ndiyafunda nomhlobo wam
ndize ndikhuphisane nomhlobo wam,
Ngamanye amaxesha singavumelani!



Ndihleka nomhlobo wam
kwaye siqhulane nomhlobo wam
Ubaluleke kakhulu kum.



**Umalunga nantoni lo mbongo?
Ngawaphi amagama aphindaphindiweyo
kulo mbongo?**

Umbongo 4: Ndiyalthanda ihlabathi

Umbhali: Funda Wande

Ndiyalthanda ihlabathi.
Iintaba kunye neelwandle.
Zonke izityalo,
Intyatyambo nemithi.
Ndithanda zonke izilwanyana
Kunye neentlanzi zaselwandle.
Ndiyinxalenye yehlabathi
Nehlabathi linxalenye yam.

Ihlabathi lelethu sonke
Kuphela kwekhaya lethu.
Masincedisane ukuligcina likhuselekile
kwaye licocekile,
Masenze oku kunye, mandingenzi oku ndodwa.

**Umalunga nantoni lo mbongo?
Mingaphi imigca kulo mbongo?
Zingaphi iivesi?**





Umbongo 5: Iimvakalelo



Umbhali: Funda Wande


Ezi zinto ziyandivuyisa
Ukuva ukukhanya kwelanga emzimbeni wam,
Xa ndisenza kakuhle umsebenzi esikolweni,
Naxa ndiphumelela.

Ezi zinto zindenza ndikhathazeke
Usuku olobandayo olunemvula,
Amazwi angalunganga nendlela
yokujonga engalunganga,
Xa abahlobo bendishiya.

Ezi zinto ziyandoyikisa
Inyoka enkulu okanye ukrebe,
Iindudumo ezinkulu kunye nemibane,
Okanye izithunzi ebumnyameni.

Ezi zinto zindenza ndizole
Ukuphululainja yam nekati yam,
Ukuhlala nosapho lwam lonke,
Ukutya ukutya okusempilweni.

**Umalunga nantoni lo mbongo?
Ukwenza uzive njani?**





Ukuphonononga umbongo

UKhanya ukwibanga lesi-3. Uthande umbongo othi, **Kunye nomhlobo**, waze wabhala uphononongo lwakhe lwalo mbongo.

Ukuphonononga umbongo

Isihloko: Kunye nomhlobo

Umbhali: Funda Wande


Ulwakhiwo: Lo mbongo uneevesi ezine. Amanye amagama aphindaphindiwe.

- *Isishwankathelo: Lo mbongo umalunga nezinto ozenza kunye nomhlobo wakho. Uthi unakho ukungavumelani nomhlobo wakho kodwa ukwazi ukumthanda.*

- *Uluvo impendulo: Ndiwuthandile lo mbongo. Undikhumbuza ngam kunye nomhlobo wam. Senza izinto ezininzi kunye. Ngamanye amaxesha siye silwe, sixambulisane kodwa siphinde sipleke emva koko.*

Elona gama okanye owona mgca uwuthandileyo: "Sakuba ngabahlobo naphakade."

Ukubhala ngesandla



MVULO

x

Ki Zu Aw Bl br

x

br Aw Ki Zu Bl

LWESIBINI

x

De Fr hr Ha Jo Kl

x

Jo hr De Kl Fr Ha

LWESITHATHU

x

Lm Mo Na Op Qr

x

St Na Lm Qr Mo

LWESINE

x

Uv Ux Yz Uo Xc

x

Zw Yz Xc Uv Ux

LWESIHLANU

x

Em In Kh Lp Ju Ue

x

Ih Ue Em Ju Kh

x

Tshatisa umfanekiso negama.

inciniba

incukuthu

chitha

chola

ichokoza



incanda

ichaphaza

isichotho


incindi

uncedo





Idayari yemihla ngemihla



Bhala idayari yakho yanamhlanje.



Idayari yam

(Usuku nomhla) Mvulo, _____

(Ixesha) _____

(Isiqalo) Dayari ethandekayo,



(Imozulu yanamhlanje) Namhlanje ku _____

(Ukutya endikutye namhlanje) Namhlanje nditye _____

(Iingcinga) _____



Ezinye izidalwa



Into endiyaziyo



Into endifuna ukuyazi



Into endiyifundileyo



Iveki ye-9





Ubugcisa beegrogro

Qwalasela ezi foto.



Ubona ntoni? _____

Ucinga ukuba izidalwa zezokwenene? Ngoba? _____



Zikhangeleka ziphila? _____


Ucinga ukuba isigcawu, imbovane kunye nephela zenziwe ngantoni? _____



Ezi modeli zenziwe ngumchweli. Ungakwazi ukwenza imodeli eyona yakhe yankulu ebomini yesinambuzane okanye yegrogro?

Kudonga lwangaphambili kwiMyuziyam yaKwaZulu-Natali, eMgungundlovu

Bhala amagama ngendlela echanekileyo.



1



thwamu

umthwa

2



natywi

3



nicinena

4



phacho

5



bachu

6



isindwelathwa

7




umnantwa

8



ibanqwa



Ukuphonononga umbongo



Khetha omnye umbongo. Bhala uphononongo.



Isihloko: _____

Umbhali: _____

Ulwakhiwo: Lo mbongo uneevesi ezi _____.

Isishwankathelo:


Uluvo kunye neempendulo kumbongo:

Elona gama okanye owona mgca ndiwuthandileyo:





Idayari yemihla ngemihla



Lwesibini, 11 eyeDrwarha 2022
11:30 kusasa

Dayari ethandekayo,
Namhlanje kushushu kunayizolo.
Ngexesha lokudlala ndidlale isoka
noSimphiwe kunye namanye
amakhwenkwe. Bekushushu
kakhulu! Emveni kwethutyana
ndisele amanzi ndayokuhlala
emthunzini. Andiyazi ukuba
abanye badlala njani xa kunje
ukubashushu!

Khanya

Bhala idayari yakho yanamhlanje.

Idayari yam

(Usuku nomhla) Mvulo, _____


(Ixesha) _____

(Isiqalo) Dayari ethandekayo,

(Imozulu yanamhlanje) Namhlanje ku _____

(Intoni endiyenzileyo ngexesha lekhefu) _____

(Iingcinga) _____





Ulwazi olunika umdla malunga neegrogro

Funda olu lwazi luyinyani nolunika umdla malunga nezinambuzane.

Iimpukane zasendlini zingcamla ngeenyawo zazo.
Iinyawo zazo zifana nolwimi, kodwa ekungcamleni iswekile zingcono ngaphezu kwezigididi ezili-10 kunathi.

Iimpukane ziyakwazi ukubona ngemva.

Kungokuba zinamehlo amangalisayo abonisa mbaxa.



Iimpukane zasendlini zihamba intloko ijonge ezantsi.

Iinyawo zazo zinemiphantsi yonyawo emibini, enoboya obuvelisa into ebuncangathi eyenziwe ngeswekile neoli. Izinceda zibambebelele nakowuphi na umgangatho – nditsho nakwisilingi.

Iingcongconi zikhula ngokukhawuleza.
Umjikelo wobomi wezinye iingcongconi – ukusuka eqandeni ukuya kwenkulu – kuthatha iintsuku ezi-7-10.

Ziimazi zeengcongconi kuphela ezilumayo.
Ziimazi kuphela ezifunxa igazi labantu nezilwanyana kuba zidinga iprotheni esegazini ukuqandusela amaqanda.



Iingcongconi zisebenza ngakumbi xa inyanga igcwele.

Xa inyanga igcwele zisebenza kangangokuphindaphindwe ngama-500. Kungokuba kufuneka zibone kakhule ukuze zifumane ukutya, oku kubalula xa inyanga iphelele.

1 Loluphi ulwazi malunga neempukane olufumanise lunomdla kakhulu? Bhala ulwazi olo ngamazwi akho.

2 Loluphi ulwazi malunga neengcongconi olufumanise lunomdla kakhulu? Bhala ulwazi olo ngamazwi akho.






Gqibezela isivakalisi ngegama elifanelekileyo.



ncedisa ukuthwala tywina
tywelele zithweswe incanda
inciniba yintwazana

- 1 _____ incinane kune _____.
- 2 ULisa _____ ethanda abantwana.
- 3 Utat' uThwala uthi ufuna _____ umfazi.
- 4 Nanko umalume ethe _____, uphelelwe ngamandla.
- 5 Izithwalandwe _____ izidanga kumsitho wazo.
- 6 UBafana wazincama naye waya


kuncendisa unina.



Isigama



Tshatisa igama kunye nentsingiselo.




idayari	luhlobo lombhalo wento oyicingayo, imfutshane kwaye inesingqi
umbongo	yincwadi esetyenziswa ukugcina iziganeko, iingcinga nezinto ozibonayo
ivesi/isitanza	umbhalo okwidayari obhalwa kubekanye
amangeno edayari	into oyiqaphelayo kokungqongileyo
ingqwalaselo	ichasene nomhlathi

Bhala la magama angentla ngokulandelelana kwealfabhethi.

Krwela umgca ngaphantsi kwamagama amahlanu owathandayo kwimibongo okanye kumbhalo wedayari.



Idayari yemihla ngemihla



Lwesithathu, 12 eyeDwarha 2022
11:45 kusasa

Dayari ethandekayo,
Namhlanje bekunetha ngela
xesha bendisiya esikolweni. Ngoku
kushushu kwakhona. Belulubi olu
suku! Ndivuzisele incwadi yam
yokubhala ngamanzi. UMem
wandingxolisa. Ipensile yam iye
yophuka, kwafuneka ndiboleka
umatshini wokulola kuLulu. Indlela
ebequmbe ngayo. Ndiyathemba
ukuba le mini iza kubangcono!

Khanya

Bhala idayari yakho yanamhlanje.

Idayari yam

(Usuku nomhla) Mvulo, _____

(Ixesha) _____

(Isiqalo) Dayari ethandekayo,

(Imozulu yanamhlanje) Namhlanje ku _____

(Umsebenzi weklasi okwangoku) _____

(Iingcinga) _____





Olunye ulwazi olunika umdla malunga neegrogro

Funda olu lwazi luyinyani nolunika umdla malunga nezinambuzane ezikudonga lweMyuziyam.

Iimbovane zomelele kakhulu.

Inokuthwala ubunzima obuphindaphindwe ngama-50 kunomzimba wayo. Ziyasebenzisana ukuthwala amagqabi nezikhuni ezikhulu.

Iimbovane azinazo iindlebe!

Iimbovane “zimamela” ngokuva iintshukumo emhlabeni ngeenyawo zazo.

Amaphela kudala ekhona ukusukela ngexesha leedayinaso.

Ayekho ukusukela kwizigidi ezingama-300 zeminyaka. Ayekhona nakwimiqolomba yabantu bamandulo.

Iimbovane zezona zinambuzane ziphila ubomi obude.

Uninzi lweembovane ziphila iinyanga ezi-3 – 6. Ezinye iikumkanikazi zazo zingaphila iminyaka engama-30.

Amaphela anesantya esimangalisayo.

Lingabaleka umgama oyimitha enehafu ngomzuzu xa libaleka ingozi. Liyakhawuleza kuba linamadolo amathathu kumlenze ngamnye.


Iphela lingaphila iveki enye ngaphandle kwentloko yalo!

Awawudingi mlomo ukuze aphefumle, kuba asebenzisa imingxunyana esemzimbeni ukubizela umoya nokuhambisa ioksijini. Yilonto xa intloko ingekho ekwazi ukuphefumla.






1 Loluphi ulwazi malunga neembovane olufumanise lunomdla kakhulu? Bhala ulwazi olo ngamazwi akho.

2 Loluphi ulwazi malunga namaphela olufumanise lunomdla kakhulu? Bhala ulwazi olo ngawakho amazwi.



Bhala isivakalisi ngomfanekiso ngamnye.






Ulwimi



Yakha izivakalisi zibentathu ngamagama akwiqela lamagama. Fakela uphawu lokubhala oluchanekileyo.

kushushu, ligqatsile, namhlanje
umoya omncinci kukho
yanamhlanje imozulu intle



Bhala ezakho izivakalisi malunga nemozulu yanamhlanje.

Iingcebiso: kusibekele, kushushu, kufudumele, kupholile,
kuyabanda, kuyanetha, umoya obhudlayo

Namhlanje ku _____


Kukho _____

Imozulu _____





Idayari yemihla ngemihla



Lwesine, 13 eyeDwarha 2022
11:50 kusasa

Dayari ethandekayo,
Namhlanje kukho amafu
amnyama esibhakabhakeni.
Kupholile.

Namhlanje ndiyazingca. Ndenze
umbongo kunye noSimpfiwe
wonke umntu wasiqhwabela.
UMem uthe ndiwucengeleze
kakuhle umbongo. Ndiyayithanda
kakhulu imibongo.

Khanya

Bhala idayari yakho yanamhlanje.

Idayari yam

(Usuku nomhla) Mvulo, _____


(Ixesha) _____


(Isiqalo) Dayari ethandekayo,

(Imozulu yanamhlanje) Namhlanje ku _____

(Imvakalelo zam esikolweni) _____

(Iingcinga) _____





Ubizelo





Idayari yemihla ngemihla



Lwesihlanu, 14 eyeDwarha 2022
11:50 kusasa

Dayari ethandekayo
Namhlanje kushushu
kwakhona. Kukho amafu
ambalwa akhanyayo, amhlophe
esibhakabhakeni.

Iveki ezayo yiveki yokugqibela
phambi kweholide. USimphiwe
uvuya kakhulu nam ndiyavuya.
Siza kuya kwiRand Easter
Show kunye nomama. Yho,
andingxame!

Khanya

Bhala idayari yakho yanamhlanje.

Idayari yam

(Usuku nomhla) Mvulo, _____

(Ixesha) _____

(Isiqalo) Dayari ethandekayo,

(Imozulu yanamhlanje) Namhlanje ku _____

(Intoni endinqwenela ukuyenza ngeeholidei) _____

(Iingcinga) _____





Ndiyakwazi ukubabhala abanobumba

<i>a</i>		<i>b</i>		<i>c</i>	
<i>d</i>		<i>e</i>		<i>f</i>	
<i>g</i>		<i>h</i>		<i>i</i>	
<i>j</i>		<i>k</i>		<i>l</i>	
<i>m</i>		<i>n</i>		<i>o</i>	
<i>p</i>		<i>q</i>		<i>r</i>	
<i>s</i>		<i>t</i>		<i>u</i>	
<i>v</i>		<i>w</i>		<i>x</i>	
<i>y</i>		<i>z</i>			

a		B		b	
D		E		F	
g		H		I	
J		K		L	
m		n		O	
p		Q		R	
s		J		u	
v		w		x	
y		Z			



Funda Wande

Reading for Meaning



VERSION 1.0